## IMIBONO, IINJONGO, IMINQWENO NEZICWANGCISO ZAMACEBO

Xa kufikelelwa ku2030 uMasipala weSithili iHarry Gwala District Municipality uzakube unkqenkqeza phambili ngokuhambisa amanzi kuluntu kwiPhondo iKwaZulu-Natal. Uluntu luyakube lungcamla ngamandla kwezolimo nokhenketho.

## ISICWANGCWISO ESIQULATHIWEYO

Isebenzisana nabantu nabanye ababandakanyekayo iHarry Gwala District Municipality Iyakuqinisekisa ukubonelela ngamanzi acocekileyo, aselwayo angapheliyo neendawo zogutyulo ngokunjalo enze iinzame zokuphucula amacandelo ezolimo nokhenketho ukuze Impilo nentlalo yabantu ibengehloniphekileyo inangakumbi.

## ISISEKO SEMIGQALISELO ENGUNDOQO

Ukutyhileka • Ukubonakala Ngengxelo • Ukusabela Izimvo
• Ukuzimisela nokunyaniseka



# ISIQULATHISO


| | |
|---|---|
| Ilizwi loMhleli | 04 |
| Amazwi Esikhokelo ka-Sodolophu | 05 |
| Amazwi kaMeneja kaMasipala | 06 |
| Umyalezo weKrisimesi nonyaka omtsha wohloniphekileyo uSodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala | 07 |
| Intlanganiso yeBhunga | 08 |
| Ingxelo yamanzi lisebe leenkonzo zamanzi kwisiThili iHarry Gwala | 10 |
| Usodolophu ufumene iDegree kwiPublic Administration njengomzekelo omhle | 11 |
| Luqale ngomoya ophezulu utyelelo lwe-IDP | 12 |
| IHarry Gwala iqinisa imithetho ukulondoloza amanzi | 16 |
| Iziko leminxeba likaMasipala | 17 |
| “Injongo yethu kukunika izikolo zethu, abafundi kunye nabafundisi-ntsapho ulwazi lobuxhakaxhaka” | 18 |
| Uceba omtsha waseHarry Gwala | 20 |
| UMasipala uncoma inyathelo elikhawulezileyo lamapolisa ekubulaweni kwaseHlokozi | 21 |
| IHarry Gwala imanyene ukulwa NOMHLAZA | 22 |
| Ulutsha lwaseHarry Gwala luxhamle kuqeqesho lophuhliso lwezakhono lolutsha | 23 |
| USodolophu naMakhosi ayazingca ngeentombi zesiThili iHarry Gwala | 24 |
| Kubhiyozelwa iminyaka engama30 yenkululeko: iBhasi yenkululeko kwisiThili iHarry Gwala | 25 |
| Usodolophu Nxumalo uthetha noluntu ngemiba yokuhanjiswa kweenkonzo | 26 |
| Ingxelo yeeProjekthi - Creighton Water Supply | 27 |
| Ingxelo yeeProjekthi - Umzimkhulu Rising Main | 28 |
| Kuqiniswa ubudlelwane nabeendaba: Iqela lezonxibelelwano lwesiThili iHarry Gwala libambe intlanganiso namagosa eendaba ekuhlaleni | 29 |
| Ingxelo Yezentlekele: Imozulu yekhephu elimandla eHarry Gwala | 30 |
| Umyalezo wosuku lokubuyisana wohloniphekileyo uSodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala, uCeba ZD Nxumalo | 31 |
| Kutyhilwe ilitye eliqingqiweyo likaShaka | 32 |
| Iingxoxo zamadoda kuMasipala wesiThili iHarry Gwala | 33 |
| i2024 Golden Games | 34 |

**ILIZWI LOMHLELI**

# Masiqhubeke nokugcina amasiko ethu ohlukeneyo kwisiThili



**UMnu uNdabezitha Tenza**
Umphathi Wezokuxhumana

KULUVUYO newonga kum ukunamnkela kwakhona kushicilelo lwekota yesibini yonyaka mali wama2024/2025. Ndinqwenela ukunikhumbuza kwakhona ngenjongo yolu shicilelo, liqonga elisemthethweni lokwabelana ngolwazi olubalulekileyo kuni (malungu oluntu), njengabantu abangabahlawuli beenkonzo zikaMasipala.

Ukuhanjiswa kweenkonzo kuluntu yenye yeendlela ezibalulekileyo yokulwa nendlala, ngeenkqubo zokugxotha ikati eziko. Njengenxalenye yecebo likamasipala lokusebenzisana noluntu ngokuhanjiswa kweenkonzo, uMasipala wesiThili iHarry Gwala usingathe iSeshoni yeWater Indaba, ukuze kuxoxwe ngemiceli mngeni ejamelene nokuhlinzeka ngeenkonzo zamanzi nogutyulo lwelindle, kunye neenzame zokuhlangabezana nale miceli mngeni. Ngaphezulu, iiwadi ezininzi kumasipala wasekuhlaleni iGreater Kokstad, ziye zafundiswa ngeemitha ezintsha zamanzi athengwayo ezizakufakelwa.

Siyazingca ukwabelana nani ukuba siyawagcina amasiko ethu ohlukeneyo kwisiThili. Ngenyanga yamagugu eYoMsintsi, kubanjwe iSiyaya eMhlangeni. Lo msitho ububanjwe ukuxhasa iintombi ezihlonipha ubunyulu bazo, kwaye lo msitho ubusetyenziswa ukukhuthaza ulutsha loMasipala wesiThili iHarry Gwala, ukubonisa imvelaphi yamasiko ethu kuluntu lwalengingqi nakwezinye iindawo.

Ngaphezulu, sinamacebo eenkqubo zophuhliso zolutsha ezizakuphucula abantu abatsha kwisiThili iHarry Gwala kumazinga ohlukeneyo. Kungoko umasipala eqeqeshe waze wanikezela ngeziqinisekiso kwiqela lolutsha. Aba bantu abatsha baphumelele uqeqesho lokusebenzisa oomatshini abohlukeneyo abasetyenziswa kwishishini lolwakhiwo. Le mitshini iquka, iRoller-rider, Excavator kunye neTractor-loader-backhoe, eyaziwa ngokuba yi-TLB, nengumatshini osebenza izinto ezininzi, ukwemba, ukususa inkunkuma okanye isanti. Ii-TLB kulula ukuziqhuba kwaye zisetyenziswa kumashishini amaninzi. Ngale nkqubo, senze isabelo esikhulu kulutsha lwethu.

Okokugqibela, ndithanda ukunikhumbuza, bahlawuli bethu beenkonzo zikamasipala, ukuba sifikile kwixesha lokuphela konyaka lemibhiyozo neziyunguma. Kodwa, zilumnkeleni iziphumo zeziyunguma zezi holide, ngakumbi kummba wemali. Masichithe imali ngononophelo kwezi holide, kwaye sihlale siyilungele imiceli mngeni yonyaka ozayo wama2025. Xa usonwabela ezi holide, khumbula ukuba iKrisimesi sisipho esisuka kuThixo njengokutsho kukaPope Francis: "UThixo akamniki umntu isipho akangazukwazi ukusamnkela. Ukuba usinika isipho seKrisimesi, kungoba sonke siyakwazi ukusiqonda nokusamnkela."

Ukuchitha imali ngokungenankathalo nokwenza izigqibo ezingalunganga ngokuncinane esinako, kuchaza ukuba asisiqondi esi sipho esivela kuThixo.

Umbhali waseNorway ongu Sigrid Undset, usilumkisile ukuba iKrisimesi akusiso kuphela isipho uThixo akasiphe sona, koko zininzi izipho akasiphe zona, uthi: "Xa sinikana izipho zeKrisimesi ngegama Lakhe, masikhumbule ukuba Yena usinike ilanga, inyanga neenkwekhwezi, umhlaba kunye namahlathi, iintaba, ulwandle, kunye nazo zonke izinto eziphila, nezihamba kuzo."

Izipho ezivela kuThixo kufanele zithandwe kwaye abantu bazonwabele. Amagama kaSigrid asisilumkiso sokuba xa sithatha iKrisimesi njengesipho ekukuphela kwaso, oko kuzakwenza sithabathe izigqibo ezingalunganga.

Egameni labasebenzi bezonxibelelwano, sininqwenelela iKrisimesi emyoli nonyaka omtsha ozele ngamathansanqa.

> "... zilumnkeleni iziphumo zeziyunguma zezi holide, ngakumbi kummba wemali. Masichithe imali ngonononophelo kwezi holide, kwaye sihlale siyilungele imiceli mngeni yonyaka ozayo wama2025.



**UNKS UNONTUTHUKO NGUBANE**
UMXHUMANISI KAMASIPALA NOMPHAKATHI (PRO)(PRO)



**UMNU ULINDOKUHLE CHILIZA**
USEKELA MLAWULI: UMCWANGCISI KWEZONXIBELELWANO KWISITHILI (GCIS)



**UNKS UATH'ENKOSI BAQWA**
ISEKELA KWEZOKUXHUMANA



**UNKS UXOLISWA DLAMIN**
ISEKELA KWEZOKUXHUMANA KWA-EPWP



**UNKS UFUNDISILE QOZA**
ITHWASA KWEZOKUXHUMANA KWI-EPWP

AMAZWI ESIKHOKELO KA-SODOLOPHU

# Enye yezinto ezibalulekileyo kukutshabalalisa ukuvuza nenkcitho yamanzi



**USodolophu waseHarry Gwala uCeba uZ.D Nxumalo**

KULIWONGA nochulumanco kwakhona ukuthetha nabahlali, mbombo zone zoMasipala wesiThili iHarry Gwala ngeli qonga.

Olu shicilelo, okulolunye lomlomo woMasipala wesiThili onika uluntu ulwazi, lushicilelo lokugqibela kulo nyaka wama2024. Luzakuqala kwakhona kunyaka wama2025.

**Kutyhilwa umfanekiso oqingqiweyo kaNkosi Shaka**

Kube liwonga kum ukumela isiThili iHarry Gwala ngethuba urhulumente welizwe, ekhokhelwa nguMongameli Cyril Ramaphosa kunye neNkulumbuso yaKwaZulu-Natal uThami Ntuli, Indlu yobuKumkani bamaZulu, ikhokhelwa nguKumkani Misuzulu KaZwelithini, etyhila ilitye eliqingqiweyo likaNkosi Shaka, kwisikhululo seenqwelo-ntaka iKing Shaka International Airport.

Oku beku sisikhumbuzo nombhiyozo wotata wesizwe samaZulu. NjengesiThili esikweli phondo laKwaZulu-Natal, lo msitho ubalulekile kwimvelaphi yesizwe samaZulu.

Lo mfanekiso, oziimitha ezilishumi nambini ubude, ubonakalisa omnye wenani labantu ababaluleke kakhulu kwimbali yesizwe samaZulu.

UNkosi Shaka uqale ukubusa kuMbuso wamaZulu ukusuka ngo1816 ukuya ku1828. Ungqondo-ngqondo, uNkosi Shaka ebengomnye wamaKhosi abalulekileyo kubuKhosi bakwaZulu, ebephethe amabandla amaninzi awenza umkhosi oluqilima.

UShaka wabulawa ngo1828, kodwa emva kweminyaka eli196, usaqhubeka ukuhlonitshwa njengomntu onomahluko. Ngethuba kutyhilwa lo mfanekiso, uMongameli Ramaphosa uchaze lo mfanekiso njengophawu lobumbano, ukunyaniseka nobukhokheli kubemi boMzantsi Afrika.

Njengommi ozingcayo wephondo iKwaZulu-Natal, ndiziva ndindilisekile ukuba yinxalenye yalomzuzu obaluleke kangaka kwimvelaphi yethu.

**Silandela uxanduva lwethu lokuhanjiswa kweenkonzo kwisiThili**

Sithabathe amanyathelo abalulekileyo ukuqinisekisa ukuba, uxanduva loMasipala wesiThili iHarry Gwala lokuhanjiswa kweenkonzo zamanzi nogutyulo lwelindle ziyenziwa, nokuba kukhona imiceli mngeni kodwa siyaqhubeka.

Ngexesha lotyelelo lwecebo lophuhliso lwentlanganisela (IDP), ebezibanjwe kwiiwadi ezohlukeneyo kubo bonke oomasipala basekuhlaleni abangaphantsi kwesiThili, sikwazile ukunika abahlali amagqabantshintshi esele sikwenzile nezinye izinto ezibalulekileyo.

Enye yezinto ezibalulekileyo, kukunqanda ukuvuza nelahleko yamanzi, nekukhokhelela kwinkcitho yamanzi.

UMasipala wesiThili uze nendlela entsha yeemitha zamanzi athengwayo, ukuqinisekisa ukuba sinqanda inkcitho yamanzi ukuze sigcine lemvelo esindisa impilo zethu.

Ngalo mxhel'omnye, singuMasipala wesiThili, sibongoza uluntu kwingingqi yethu ukuba uqinisekise ukupheliswa kwamanzi avuzayo kumakhaya ethu, nincedisane nathi ukuba ngumzekelo njengesiThili, kwidabi lokulwa nokuvuza kwamanzi okukhokhelela kwinkcitho yamanzi.

**Inyanga esiphuma kuwo**

IsiThili sethu sembethwe zizenzo ezikhohlakeleyo nezothusayo zolwaphulo mthetho. Kwinyanga YoMsintsi, kubulewe ngokungena lusini amalungu asixhenxe osapho lakwaKhambule eHlokozi.

> “Xa singamanyani siluluntu lwesiThili iHarry Gwala, silwe ezi zenzo zolwaphulo mthetho, singeqanga imiqathango yezomthetho, sizakuhlala sililifa lezenzo ezinje zolwaphulo mthetho.

Esi senzo, esothuse kakhulu bonke abantu kulo masipala, sizakuhlala sisisilonda entliziyweni yam. Ndihlala ndizibuza ukuthi yinkohlakalo yantoni na lena. Wonke la malungu olu sapho awabulawa, aselula kwaye besisalindele lukhulu kubo. Oyena omdala ebeneminyaka engama64, abathathu abona abancinane bebeneminyaka ephakathi kwesihlanu neshumi.

Xa singamanyani siluluntu lwesiThili iHarry Gwala, silwe ezi zenzo zolwaphulo mthetho, singeqanga imiqathango yezomthetho, sizakuhlala sililifa lezenzo ezinje zolwaphulo mthetho.

Ndibongoza wonke umntu ukuqinisekisa intsebenziswano nabomthetho ukuze sihlangule uluntu lwethu kwizenzo zolwaphulo mthetho.

**Ixesha lemibhiyozo yokuphela konyaka**

Sele sisemoyeni wemibhiyozo yokuphela konyaka, ekulixesha ekulindeleke imincili, ulonwabo kunye nokudibana kweentsapho, esibathandayo kunye nabahlobo, kodwa ikwazisa intlungu neentsizi nanjengoko izinga leengozi zendlela nolwaphulo mthetho zisonyuka ngeli xesha.

Eli lixesha lokuthatha amandla ukuze sivuseleleke. Masithabathe isigqibo esilungileyo sithobele imithetho yezendlela, masingaqhubi ngaphantsi kweempembelelo zotywala. Ndinqwenela ukugqibelisa ngokunqwenelela umntu ngamnye iKrisimesi emyoli kunye nonyaka wama2025 oyokozela ngamathamsanqa. Khuselekani!

Ndiyabulela!

AMAZWI KAMENEJA KAMASIPALA

# Nanga ningayonwabela imibhiyozo yokuphela konyaka niqhubeke ukuxoxa nathi kutyelelo lwee-IDP



**uMnu uGamakulu Ma-Art Sineke**
uMphathi kaMasipala

NJENGOMPHATHI woMasipala wesiThili iHarry Gwala, kundinika uchulumanco ukwenza le ngabula zigcawu yoshicilelo lwethu, enika ingxelo kuluntu ngenkqubo kaMasipala njokuhanjiswa kweenkonzo.

UMasipala wenze umsebenzi omhle kakhulu wokuthenjwa ngabahlali ngenxa yokuhanjiswa kweenkonzo eziluxanduva lwethu: amanzi nogutyulo lwelindle. Ngaphezu koku, uMasipala usungule iindlela eziyimpumelelo ngenxa yeMunicipal Public Accounts Committee, eqhube kakuhle umsebenzi wayo ngempumelelo kude kube namhlanje.

Ngokuthobela uChapter 5 weMunicipal Systems Act (No. 32 of 2000), iBhunga likaMasipala ligunyaziswa ukwenza icebo elinye, elihlangene, kuphuhliso lomasipala. Lo mthetho unika umfanekiso wokuba yintoni efanele ukuba yinxalenye ye-IDP, nenkqubo yayo.

UMasipala wesiThili iHarry Gwala ulugcinile uxanduva lwawo lokuphendula kuluntu, ngokusingatha utyelelelo locebo lophuhliso lwentlanganisela (IDP) nohlahlo lwabiwo mali lonyaka mali wama2024-2025, ukuthetha nabahlawuli beenkonzo zikamasipala kunye noluntu ngemiba yokuhanjiswa kweenkonzo. Utyelelo lwalonyaka, oluqale ekuqaleni kweYeDwarha 2024, lube yimpumelelo nanjengoko uMasipala wesiThili iHarry Gwala ukwazile ukutyelela oomasipala basekuhlaleni abaphantsi kwawo, ukuze ufumane izimvo zabantu.

> “
> **Ndithanda ukukhuthaza bonke abantu ukuba baye kwiImbizo ze-IDP and Budget, nanjengoko ziphonononga inkqubo, zimamela izimvo zabo ziqwalasele. Ngokomthetho, uluntu lwasekuhlaleni lunelungelo lokuba yinxalenye yokuthabatha izigqibo kuMasipala.**

Ndithanda ukukhuthaza bonke abantu ukuba baye kwiImbizo ze-IDP and Budget, nanjengoko ziphonononga inkqubo, zimamela izimvo zabo ziqwalasele. Ngokomthetho, uluntu lwasekuhlaleni lunelungelo lokuba yinxalenye yokuthabatha izigqibo kuMasipala.

Kufuneka umphathi ongumphicothi (AO), ngokomthetho wolawulo lwezimali zikamasipala (MFMA), No. 56 of 2003, ukugcina zonke izibhalo kwaye unoxanduva lokugcina izibalo zezimali kunye nezinye iingxelo ezihambisana nezezimali. Umphathi ongumphicothi kufanele aqinisekise ukuba izibalo zezimali zihambisana nesimo soMasipala ekupheleni konyaka mali, kunye neziphumo zomsebenzi nokusetyenziswa kwemali ekupheleni kwelo xesha.

Nanjengoko singuMasipala othobela umthetho, iingxelo zonyaka zezimali sele zilungisiwe zaphicothwa ngokuka Section 126 we-MFMA.

**Umyalezo weKrisimesi**

Sifikelele ekupheleni komnye unyaka, okuchaza ukuba lifikile ixesha lemibhiyozo yokuphela konyaka. Lixesha lokuba siphumle, sichithe ixesha nesibanthandayo, sikhumbule kwaye sizilungiselele unyaka ozayo. Lixesha lokupha kwaye lixesha lokwabelana, okubaluleke kakhulu, lixesha apho sikwazi ukubulela ngesinako nokuxhasa abo abangathathi ntweni abangafani nathi.

Kweli xesha lonyaka leziyunguma, ndithanda ukwenza umbulelo ongazenzisiyo kubo bonke abasebenzi kunye noogxa bam, ngayo yonke into eniyenzayo ukuze sizifumane silapha namhlanje. Ukuzinikezela kwenu emsebenzini kunye nokusebenza nzima kwenu kuwenze lo nyaka wanomahluko. Nihleli nisisixhobo esibalulekileyo sempumelelo nempucuko kamasipala unyaka nonyaka.

Ndivumeleni ndinqwenelele bonke abahlali boMasipala wesiThili iHarry Gwala iKrisimesi emyoli, egcwele uvuyo lokuphisana nobushushu bothando. Kweli xesha lethemba lobumbano, sifuna ukubulela uluntu lwesiThili iHarry Gwala ngokuzibandakanya kwabo. IKrisimesi emyoli kunye nonyaka omtsha oyokozela ngamathamsanqa.

## ABAPHATHI ABAKHULU



**UMNU UKHULANI MTHEMBENI BRIAN MZIMELA**
IMANEJALA KAMASIPALA KWICANDELO LEZEZIMALI



**UNKSZN UNTOMBIFUTHI NOMVUSELELO FORTUNATE BUTHELEZI**
IMANEJALA KAMASIPALA KWIINKONZO YENTLALO KUNYE NOCWANGCISO LOPHUHLISO



**UMNU UNKULULEKO BIYASE**
IMANEJALA KAMASIPALA IINKONZO ZEZAKHIWO / IBAMBELA



**UNKK UTHOBILE THELMA THIYANE-MAGAQA**
IMANEJALA KAMASIPALA KWICANDELO LEZEMISEBENZI



**UMNU ULINDUMUSA GWALA**
MLAWULI: IINKONZO ZAMANZI



# Umyalezo weKrisimesi nonyaka omtsha wohloniphekileyo uSodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala



Ixesha lemibhiyozo yokuphela konyaka lixesha elimnandi kakhulu kwiintsapho, abahlobo kunye nesibathandayo, lokuhlanganyela kuncokolwe ngonyaka ophelayo, nokubhiyozela unyaka olandelayo, kwanoku lungiselela unyaka olandelayo ngethemba nomdla.

Ixesha lemibhiyozo yokuphela konyaka lisinika ithuba lokubonga esinako nokunika inkxaso kwabo abangathathi ntweni.

Ngomoya woBuntu, kweli xesha, ndithanda ukubongoza uluntu kwisiThili kwakhona, ukuba bolule isandla kwabo abangathathi ntweni kwiindawo zabo. Masikhangele abo abadinga uncedo ukuze sivuselele umoya walowo owayasekuba nguMongameli wethu, ongasekhoyo nodume umhlaba wonke, uTata uNelson Mandela. Ngaphezu koko, xa sizakuthabatha uhambo oluya kwiindawo ngeendawo ukuyochitha ixesha neentsapho zethu, esibathandayo kunye nabahlobo, masenze kanjalo ngokhuseleko nangentlonipho. Ndibongoza wonke umntu ukuba akhuseleke, ahloniphe kwaye ahlonele imithetho yezendlela kuhambo lwakhe.

***Egameni loMasipala wesiThilil iHarry Gwala, ndinqwenelela wonke umntu okuhle kodwa. Nanga nonke ninganeKrisimesi emyoli ngolu suku. Nanga ninganonyaka omtsha wama2025 oyokozela ziintsikelelo, ukuthula namathamsanqa.***



**USodolophu waseHarry Gwala uCeba uZ.D. Nxumalo**

INGXELO YAMANZI LISEBE LEENKONZO ZAMANZI KWISITHILI IHARRY GWALA



# UKUCOCWA KWAMANZI

UNINZI loluntu luxhomekeke kwimithombo yendalo ukufumana amanzi acocekileyo abawasebenzisa imihla ngemihla. La, ngamanzi esingawachaza njengamanzi aphuma ngaphantsi komhlaba, ngokuqhelekileyo aquka, imithombo, imifula, imifudlana kunye namadama.

Ukucocwa kwamanzi kukukhupha izinto ezingafunekiyo emanzini ezifana neechemicals, oonomtshobitshobi, izinto ezimdaka ngaphezu kwamanzi kunye neegas emanzini. Injongo kukwenza amanzi alungele eso sidingo.

**Iindlela zokucoca amanzi**

Ukufumana amanzi acocekileyo aselwayo kubalulekile empilweni kwaye kunqanda izifo ezifumaneka emanzini. Kungoko kubalulekile ukukhupha izinto ezimdaka ezingafuneki emithonjeni yamanzi endalo. Iindlela zokucoca amanzi zibalulekile ukuqinisekisa ukuba amanzi esiwaselayo ahambisana nezinga elisemthethweni. Kwesi sicatshulwa, sizakunika ulwazi ngeendlela zokucoca amanzi, imithetho yazo nokusetyenziswa kwazo.

**1. Ukuhluzwa: Umgca wokuqala wokhuselo**

Ukuhluza kuqhelekile kwaye kubalulekile xa kucocwa amanzi. Kuquka ukugqithiswa kwamanzi kwindawo ebamba ukungcola kwezinto ezidada ngaphezu kwamanzi ezingalunganga. Kusetyenziswa iindlela ezohlukeneyo zokuhluza, kuxhomekeka ukuba zingakanani izinto ekufuneka zisusiwe:

A) **Ukuhluzwa ngeCarbon:** Izihluzo ze-carbon zisusa izinto eziphilayo, ichlorine kunye nezinye imetals ezinzima. Imingxuma ye-activated carbon inika indawo enkulu yokufunxa, iphucula nencasa kunye nevumba lamanzi.

B) **Ukuhluzwa ngesanti:** Izihluzo zesanti zinemigangatho yesanti esusa izinto ezinkudlwala. Zisetyenziswa kakhulu ekucoceni amanzi kumaziko amakhulu nakwizihluzo zamanzi asiwa kumakhaya.

C) **Izihluzo zamalaphu:** Izihluzo zamalaphu zinemingxuma emincinci eyohlukeneyo kwaye zisetyenziswa ukuhluza izinto ezohlukeneyo ezingabonakali ngeliso lenyama. Zincedisa kakhulu ukuhluza iintsholongwane, kunye nezinye iichemicals ezingalunganga.

**2. Ukucocwa / Ukubulala: Ukukhutshwa kwezinto ezingabonakaliyo eziyingozi**

Ukucoca / ukubulala linyathelo elibaluleke kakhulu xa kucocwa amanzi, kugxilwa kakhulu kwizinto ezingabonakali nezingunobangela wezifo zamanzi. Kusetyenziswa iindlela ezohlukeneyo ukubulala izinto eziyingozi emanzini.

a) **Chlorination:** Iingcaphephe zisebenzisa kakhulu i-chlorine, eyi-gas okanye isodium hypochlorite, ukucoca amanzi. Ibulala iintsholongwane nezinye izinto ezingabonakali, iyacocisisa kwaye aziphinde zibuye iintsholongwane.

b) **UV Radiation:** Ukucoca ngemitha i-Ultraviolet (UV) kuquka ukukhanyisa amanzi ngemitha ye-UV, nokubulala iintsholongwane, ukuze zingakwazi ukuzala nokwanda. I-UV ibulala iintsholongwane ezohlukeneyo kwaye ayitshintshi ncasa nevumba lamanzi.

c) **Ozonation:** Oku kwenziwa ngokugqithisa i-oxygen kwisixhobo sombane esinamandla. I-Ozone isetyenziswa ukubala izinto eziphilayo. Ibulala zonke iintsholongwane kwaye iphucula incasa ibulale ivumba elibi emanzini.

**3. Ukucoca ngeChemical: Ukubulala izingcolisi ezithile**

Iichemical zinceda ukubulala uhlobo oluthile lwezingcolisi emanzini:

a) **Coagulation and Flocculation:** Coagulation – kufakwa ichemical efana ne-aluminium sulphate okanye i-ferric chloride emanzini, oko kwenza izingcolisi zingqumbane kwindawo enye zenze amagaqa abizwa ngokuba zi-flocs. I-Flocculation izamisa amanzi kancinci ukuze iflocs zidibane zihlale endaweni enye, ukuze kube lula ukuzisusa.

b) **Ion Exchange:** I-Ion exchange – kusetyenziswa amaso athambileyo akhupha i-ions emanzini, zisusa izinto ezingafunekiyo emanzini ezifana ne-nitrates okanye iiminerals ezininzi.

**4. Ukucoca okuphucukileyo kobuchwepheshe: Kuphucula umsebenzi omhle nococeko**

Ngenxa yokuphucuka kobuchwepheshe, iingcaphephe neenjineli zivelise iindlela ezintsha zokuphucula izinga lamanzi.

- **Reverse Osmosis (RO):** RO isebenzisa ilaphu eligqithisa amanzi ngelixa libamba izinto ezingamagaqa esele zinyibilikile ezifana netyuwa, nokunye ukungcola. Isebenza kakuhle kakhulu ukukhupha incasa yetyuwa, ukususa ukungcola kunye nokucoca amanzi abe kwizinga lokuselwa.
- **Electro deionization (EDI):** EDI idibanisa i-ion nombane ukususa i-ion nokungcoliseka emanzini. Imizi yeemveliso iyisebenzisa kakhulu ukwenza amanzi acoceke ngokupheleleyo.

**5. Ukucoca amanzi emakhaya**

Ukupheka amanzi uwayeke abile umzuzu omnye yindlela elula yokubulala zonke iintsholongwane, nokuba amanzi ankungu ayatshisa. Ukuba amanzi ankungu, wayeke acwenge emva koko uwahluze ngelaphu okanye isihluzo seti ngaphambi kokuba uwabilise. Ukuyeka amanzi abile umzuzu omnye kwenza amanzi akhuseleke ukuba ungawasela. Wabilise imizuzu emithathu ukuba ukuphakama kwendawo obilisela kuyo ingaphaya kweemitha eziyi1,981.

Okokugqibela, indlela yokucocwa kwamanzi ibalulekile ukuqinisekisa ukuba wonke umntu kumhlaba wonke ufumana amanzi acocekileyo kwaye ekhuselekileyo ukuba ungawasela. Ngokuhluza, ukucoca, ukucoca ngee-chemicali kunye neendlela eziphucukileyo zokucoca, singasusa ukungcola, iintsholongwane ezingabonakaliyo kunye nazo zonke izingcolisi kwimithombo yamanzi.






**Usodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala uceba Z.D. Nxumalo kutshanje kumsitho apho ebethweswa khona isidanga sePublic Administration. Usodolophu uthe iinkokheli mazibe ngumzekelo nokwenza ifashoni ngemfundo.**

# Usodolophu ufumene iDegree kwiPublic Administration njengomzekelo omhle

USODOLOPHU woMasipala wesiThili iHarry Gwala, uceba Z. D. Nxumalo ube ngumzekelo omhle ukuqinisekisa ukuba amaphupho ayafezeka. Oko kubonakale ngethuba usodolophu eyingxenye yothwaliso zidanga eyenzeke eThekwini, nalapho ekhwele eqongeni eye kuthweswa isidanga sempumelelo, ebonakalisa ukuba imfundo ayigugelwa. Bekuyimincili yodwa kulo msitho, ngethuba usodolophu kunye nosapho lwakhe bekhuthaza uluntu ukuba luyithande imfundo.

Nangona bekubhiyozwa ngaloo mini, le mibhoyozo ibihambelana nenkuthazo, ngakumbi koogxa bakhe, esithi mabayeke ukubalisa ngemfundo koko mababe ngumzekelo nabo bafunde. Uceba Nxumalo, ophumelele iDegree kwiPublic Administraton, uthe uzakuqhubeka nezifundo zakhe.

"Egameni loMasipala wesiThili iHarry Gwala, ndithanda ukuncoma usodolophu ngokuba ngumzekelo omhle wokuba inene imfundo luhambo lobomi. Siyanzingca ngosodolophu wethu ngale mpumelelo. Kuyabonakala ukuba xa uzimisela kwaye usebenza nzima uyaphumelela," kutsho usomlomo woMasipala wesiThili iHarry Gwala, uceba Sibongiseni Mdunge.

Esenza intetho yakhe emva kokuthweswa isidanga, usodolophu uceba Nxumalo uthe: "Esi akusosiphelo sohambo lwam olude. Yenye yeempumelelo zam kwaye kungekudala ndizakuqhubeka nezifundo zam, nanjengoko imfundo ingagugelwa. Ndizakuqhubeka ngenene kwaye ndikhuthaza nabanye abaninzi kwisiThili sethu, abanomdla wokuqhubeka nokufumana ulwazi nentlakanipho, ukuba benze kanjalo. Imfundo ayibekelwa xesha."



**Abantu boMasipala wesiThili iHarry Gwala beze ngobuninzi babo ukuzoba yinxalenye yotyelelo lwecebo lophuhliso lwentlanganisela (IDP) kwiindawo zabo.**

# Luqale ngomoya ophezulu utyelelo lwe-IDP

IMIGUSHUZO yotyelelo lwecebo lophuhliso lwentlanganisela (IDP), yoMasipala wesiThili iHarry Gwala, iqale ngomfutho omkhulu kutshanje. Oku kubonakaliswe bubukho benginginya yabantu abazincame engqeleni, mbombo zonke zesiThili, ukuze basebenzise ilungelo labo lenkululeko ngokuba yinxalenye yamacebo okuhanjiswa kweenkonzo abazidingayo, kwiindibano zoluntu.

Le, yenye yeendlela ezisetyenziswa ngoomasipala ilizwe lonke, ukubonakalisa ukubandakanya kwabo uluntu kumacebo ophuhliso, ngaxeshanye enika ingxelo kulo ngenkqubo yeeprojekthi zezakhiwo, kuquka izethembiso umasipala azenze kunyaka mali ogqithileyo kummba wokuhanjiswa kweenkonzo.

UMasipala wesiThili iHarry Gwala, kunye noomasipala bakhe basekuhlaleni, iGreater Kokstad, iDr. Nkosazana Dlamnini-Zuma, uMzimkhulu kunye noBuhlebezwe, banconyiwe luluntu, emva kokuba benike ingxelo ngamacebo ophuhliso nangendlela abaphendule ngayo imibuzo yoluntu.

Ingxoxo yosuku ibigxile kakhulu kwingxelo ngommba wokuhanjiswa kweenkonzo. Utyelelo lwe-IDP belubanjwe ngomhla wesibhozo KweYeDwarha 2024, kwiindawo ezohlukeneyo kumasipala ngamnye. EKokstad belubanjelwe eSuper Room, kumasipala wasekuhlaleni iDr. Nkosazana Dlamini-Zuma, olu tyelelo belubanjelwe kwiholo yoluntu iNhlanhleni, ngelixa kumasipala uBuhlebezwe bezibanjelwe eJolivet.

Utyelelo lokugqibela eDr. Nkosazana Dlamini-Zuma belubanjelwe e-Underberg Country Club, nalapho bekuxoxwa nabahlawuli beenkonzo zikamasipala. Ezinye zeendawo ebekubanjelwe kuzo utyelelo lwe-IDP kwisiThili ziquka, eJolivet Hall, Mpiyamandla, Mandilini Hall, Peace Initiative Hall kumasipala wasekuhlaleni uBuhlebezwe. Kumasipala wasekuhlaleni iGreater Kokstad, utyelelo lubanjelwe eBhongweni Youth Centre, Shayamoya Hall,








**Oosodolophu, neenkokheli zoomasipala bafumana ithuba lokuthetha noluntu ngokuhanjiswa kweenkonzo kutyelelo lwakutshanje lwe-IDP. UMasipala wesiThili iHarry Gwala kunye noomasipala basekuhlaleni babambe utyelelo lwe-IDP kwiindawo ezohlukeneyo. Lonke olu tyelelo lwe-IDP lube yimpumelelo.**

Franklin Cultural Centre, Twistville nakwezinye iindawo. Kumasipala wasekuhlaleni iDr. Nkosazana Dlamini-Zuma, belubanjelwe eNhlanhleni Hall, Bhambatha Hall, Creighton Council Chambers, Bulwer nase Tarsvelley. Kumasipala Umzimkhulu belubanjelwe eNtsikeni Hall, Chancele Hall, Sisonke Hall, Clydesdale Hall kunye nase-Ibisi Hall.

Oomasipala babambisana namasebe karhulumente aquka, Isebe lezothutho, Isebe lezolimo nophushliso lwasemakhaya, kunye nabanye abahlawuli beenkonzo, kuquka, i-Arhente yophuhliso lolutsha kuzwelonke (NYDA), kunye nekomishoni yezokhetho ezimeleyo yoMzantsi Afrika (IEC), nezinike ingxelo eziphononongiweyo zokuhanjiswa kweenkonzo, iiprojekthi kunye nezinye iinkqubo.


Ngaphezu koku, olutyelelo luhambisana neMunicipal Systems Act, (MSA) (Act 32 of 2000) egunyazisa bonke oomasipala ukuba bajonge imiba yonyaka yecebo lophuhliso lwentlanganisela. USection 24 we-MSA uqinisekisa impumelelo yamacebo awenziwe ngaba masipala ukuqinisekisa ukuba ahambisana nemigushuzo, ukulandelwa kwemithetho, nokufezekiswa kwamacebo ophuhliso, indlela ekusetyenzwa ngayo ngabanye oomasipala namaqela achaphazelekayo, ukuze konke oku kuhambisane nemithetho yolawulo lwentlanganisela ngokubhalwe kuSection 41.

Utyelelo lwe-IDP liqonga lokuthetha nokuphulaphula izimvo zoluntu. Likwasetyenziswa njengesixhobo sokunxibelelana noluntu, kujongwe imiba ephambili ngokoxwebhu lwe-IDP. Uluntu nalo lufumana ithuba lokuveza izimvo nemiceli mngeni kwiinkonzo ezifana nezamanzi nogutyulo lwelindle, ezifuna umasipala angenelele, okanye ezinye iinkonzo ezijongene namanye amasebe.














**Uluntu ludibene eBhongweni Youth Centre, beyokuveza iinkxalabo zabo nokumamela iinkokheli nolawulo looMasipala ngokufakelwa kweemitha zamanzi athengwayo ezifakelwa sisiThili.**

# IHarry Gwala iqinisa imithetho ukulondoloza amanzi


## UMasipala ufakela iimitha zamanzi athengwayo kumntu wonke ukudlala indima yokulondoloza amanzi.

UMASIPALA wesiThili iHarry Gwala uthabathe isigqibo sokuqinisekisa ukuba wonke umhlali kwisiThili udlala indima ukulondoloza amanzi, ngokufakela iimitha zamanzi athengwayo kubahlali bale ngingqi.

Esi sigqibo senziwe emva kohlolo olunzulu, kwaye oku kuzakunyanzelisa wonke umntu ukuba asebenzisane nesiThili, ukuqinisekisa ukuba umzi ngamnye ulondoloza amanzi ngokuxela nokulungisa amanzi avuzayo ngokukhawuleza kumakhaya abo.

Ngaphezu koku uMasipala ufuna abantu bathathe uxanduva lokunqanda inkcitho yamanzi kumakhaya abo ngoba bazakuhlawuliswa, kwaye amanzi avuzayo azakunyanzelisa abantu ukuba bangene nzulu ezipokithini zabo.

"Oku kuzakwenza abahlali bangabi nawo amatyala nanjengoko bezakuthenga amanzi, kwaye akuyomali eninzi ukufumana iilitha ezingama4000 zamanzi ngenyanga, xa kuqhathaniswa nendlela yangaphambili, apho abahlali abaninzi bebesiya kwamasipala beye kukhalaza ngeemitha zabo zamanzi ezibiza inani elikhulu lemali ngamanzi abawasebenzisileyo," utshilo usodolophu uceba Z. D. Nxumalo.





**Usodolophu woMasipala iHarry Gwala uceba Z.D. Nxumalo kunye nosodolophu weGreater Kokstad uceba M.N.L. Madikizela.**

Uthe, le ndlela yamanzi athengwayo ifundisa abantu ukuziqoqosha ukuze bazi ukuba ichaphaza ngalinye lamanzi liyabala.

Abanye abahlali babonakala bengayiqhelanga le ndlela entsha yamanzi athengwayo, nanjengoko benesikrokro ngale ndlela sele becaciselwe ngayo.

Uceba Nxumalo ukugxininisile ukuba le ndlela entsha isisibusiso kwimiceli mngeni efana nokuvuza kwamanzi, iimitha ezonakeleyo kunye nokufundwa kweemitha okungalunganga, nokukhokhelela ekuhlawulisweni kakhulu













rhoqo ngenyanga.

Uceba Z. D. Nxumalo kunye nosodolophu weGreater Kokstad, uceba M. N. L. Madikizela, babambe iingxoxo noluntu, nalapho oosodolophu befumene izikhalazo zokuba kufanele bathenge amanzi kuqala ukuze bawasebenzise. Le ntlanganiso ibibanjelwe eKokstad Youth Centre kutshanje. Bakwathe, baxhalabile nanjengoko sele behlawulela umbane, iinkonzo zikamasipala nezinye izidingo ezibalulekileyo. Bachaze ukuba imeko yeemali ayikhontle, kwaye uninzi lwabo lohluleka nokuthenga izidingo ezingundoqo nanjengoko uninzi lwabo lungasebenzi.

Abahlali abambalwa bathe, urhulumente kufanele alungise izakhiwo atshintshe nemibhobho yamanzi nanjengoko imibhobho imidala kakhulu kwezinye iindawo. Abahlali babongoze oosodolophu ukuba benze ucweyo oluzakufundisa abahlali ngendlela ezisebenza ngayo ezi mitha, nolunye ulwazi mayelana nazo.

Kubanjwe iingxoxo-mpikiswano yokuzama ukusombulula lo mmba, nokuqondisa uluntu ngokubaluleka kofakelo lwezi mitha ngurhulumente. Intlanganiso iphethwe ngokuqinisekisa abahlali ukuba zonke iinkxalabo zabo ziviwe kwaye zizakuphendulwa.

---

**UMasipala wesiThili iHarry Gwala**

Abaxhamli bangafaka izikhalazo ngokuthumela iinkcukacha zabo kwinombolo elandelayo kaWHATSAPP yakwiziko leengcingo, nange EMAIL.

*** Uhlobo lwesikhalazo**
*** Igama lomxhamli**
*** Inombolo yomnxeba**
*** Ilokishi / ilali**
*** Igama lesitalato**
*** Inombolo yendlu**

**060 570 6193**

**Customer Care: 086 010 3651**

CUSTOMERCARE@HARRYGWALADM. GOV. ZA

# IZIKO LEMINXEBA LIKAMASIPALA

Liziko elivulwa iiyure ezingama24 ngosuku, iintsuku ezisixhenxe ngeveki, apho kufakwa izikhalazo zoluntu zamanzi, ugutyulo lwelindle, iintlawulo, ukuphazamiseka okucetyiwe nokungacetywanga kwamanzi, imibhobo egqabhukileyo, izitamkoko ezivuzayo, kumye neemitha ezonakeleyo. Injongo yeli ziko leminxeba kukusingatha, ibhale zonke izikhalazo zabaxhamli kwimiba yeenkonzo zikamasipala, nokuqinisekisa ukuba ubuncinane, izikhalazo zokuqala ezingumyinge we70% ezifunyenweyo ziyalungiswa.

Eli ziko leengcingo lenzelwe abantu abakhetha ukunxibelelana nomasipala ngeengcingo, ngelixa amaziko enzelwe abantu abakhetha ukuya kwamasipala badibane nomsebenzi wakhona, baxoxisane ngesikhalazo eso.

Ikhasi leFacebook lona lenzelwe abantu abakhetha ukuthetha nomasipala besebenzisa ezonxibelelwano noluntu.

**Kufakwa kanjani isikhalazo?**

- Uhlobo lwesikhalazo
- Igama lakho nefani
- Inombolo ofumaneka kuyo
- Idilesi yalapho uhlala khona (edolophini, elalini)
- Ungafaka nomfanekiso

Ngale ndlela oxela ngayo izinto emnxebeni, nakuWhatsApp, isikhalazo sakho sizakufakwa kwicomputer yolawulo lwezikhalazo, uzakunikwa inombolo ekhethekileyo (reference number) ngeSMS. Le nombolo ekhethekileyo uzakuyisebenzisa xa ulandela isikhalazo okanye isicelo esingalungiswanga.

Inombolo kaWhatsApp ithi: **0605706193**, eyeziko lezeminxeba: **0860106351**, okanye uthumele umyalezo nge-email ku: **customercare@harrygwaladm.gov.za**.








**Bekulusuku lolonwabo kubafundi basePholela Special School ngaphantsi komasipala iDr. Nkosazana Dlamini-Zuma, ngethuba umphathiswa wezonxibelelwano nobuxhakaxhaka ebatyelele ukuyobazisa ngoncedo loxhumano olidingeka kakhulu ezikolweni, emhlabeni kunye nakuluntu.**

# "Injongo yethu kukunika izikolo zethu, abafundi kunye nabafundisi-ntsapho ulwazi lobuxhakaxhaka"

KUTSHANJE, umphathiswa wesebe lezonxibelelwano nobuxhakaxhaka, uSolly Malatsi, usodolophu wesiThili iHarry Gwala, uceba Zamo Nxumalo kunye nezinye iinkokheli, basingathe iphulo loxhumano ngobuxhakaxhaka bale mihla ePholela Special School, ngaphantsi komasipala wasekuhlaleni iDr. Nkosazana Dlamini-Zuma. Usodolophu Nxumalo uthe uxhumano lubalulekile kule mihla, "Abantwana bethu badinga i-internet xa besenza umsebenzi wasikolo wasekhaya, abantu abadala nabo badinga uxhumano ukuze bafumane iinqwelo zeziguli noncedo olukhawulezileyo. Ubukho bomphathiswa namhlanje kusinika ithemba lokuba isiThili sethu sizakuxhunywa ngendlela efanelekileyo," utshilo usodolophu Nxumalo.

Esenza intetho yakhe umphathiswa uthe: "Kuliwonga kum ukuma phambi kwenu namhlanje, kweli phondo elihle laKwaZulu-Natal, apho sibhiyozela khona amasiko ethu nekamva lethu. Sihlangene apha ukuzobonisa ukubaluleka kobuxhakaxhaka bale mihla, phakathi kwelixa eligqithile kunye nela ngoku, buqinisekisa ukuba amagugu emvelaphi yethu ayakhazimla kwilizwe elitsha loxhumano," utshilo umphathiswa. Uthe, ukubandakanywa kobuxhakaxhaka kunika urhulumente ithuba lokuvula iminyango yolwazi nempilo ende, kunye nelokugcina nokwabelana ngamasiko obukumkani bamaZulu nomhlaba jikelele.

"Kule mihla, ubuxhakaxhaka akusosixhobo nje kuphela, kodwa bukhuthaza uphuhliso nempucuko. Kwenza kubelula ukwakha iibhulorho ezidibanisa uluntu, iindawo zempangelo kunye nezizukulwana. Kubalulekile ukuba wonke umntu abe yinxalenye yolu tshintsho, ukuze kungabikho mntu oshiyeka ngasemva," utshilo umphathiswa, esithi, oku akuxhumanisi kuphela abantu kwi-internet, koko kubaxhumanisa nekamva. "Njengokuba sime apha kweli phondo elityebe ngemvelaphi, amasiko namagugu, siyabona ukuba ukubandakanya uxhumano kusinika amandla okulondoloza nokwabelana ngamagugu ethu ngendlela engazange yenzeka ngaphambili. Ubuhle obunomahluko, amasiko kunye namabali obukumkani bamaZulu, ezigqithiselwe kwisizukulwana, namhlanje singakwazi ukwabelana ngazo nomhlaba wonke. Ngokusebenzisa ubuxhakaxhaka bale mihla, singenza amaqonga apho ulutsha lwethu luzakubhiyozela amasiko, ngelixa luzibandakanya nakuqoqosho lwelizwe lobuxhakaxhaka," uqhubeke watsho umphathiswa, esithi: "Yiba nombono welizwe apho nabani na enokufumana ubugcisa, umculo, ulwimi kunye namasiko esiZulu nokuba uphi na – apho oosomashishini abancinane bengaqhuba amashishini obugcisa basekuhlaleni, apho abafundi nabasuka kwiindawo ezisezilalini, bezakufumana izixhobo zokufunda ngendlela efanayo nabo abasezidolophini, nalapho abantu kwihlabathi bezakonwabela amasiko esiZulu kula maqonga obuxhakaxhaka." Uthe, eli likamva




**Bekumnandi ngethuba abafundi bePholela Special School besenzela umphathiswa negqiza lakhe imiboniso.**






elakhiwa ngokubandakanya ubuxhakaxhaka bale mihla. Umphathiswa uthe, impumelelo yalo mbono ngeke ibekhona ngaphandle kokuthabatha inyathelo elifanelekileyo.

Urhulumente weloMzantsi Afrika, ngokusebenzisa isebe lezonxibelelwano nobuxhakaxhaka, uzimisele ukuqinisekisa ukuba wonke ummi weloMzanzi Afrika, nokuba uhlala ezilalini okanye ezidolophini, ufumana izixhobo nophuhliso lobuxhakaxhaka bale mihla ukuze aphumelele. Umphathiswa uthe, ngemigushuzo efana no-ZA School Digitisation Project ne-SA Connect, urhulumente unika izikolo, abafundi, abafundisi-ntsapho kunye noluntu lonke, ithuba lokuzibandakanya kubuxhakaxhaka bale mihla. I-ZA School Digitisation Project, ayizisi kuphela ukuxhakaxhaka ezikolweni, koko iguqula imfundo.

“Injongo yethu kukunika izikolo zethu, abafundi kunye nabafundisi-ntsapho ulwazi lobuxhakaxhaka, nokuxhobisa abazali ngolwazi olubalulekile lobuxhakaxhaka. Ngokwenza oku, senza isiseko soxhumano lobuxhakaxhaka nemfundo, esiquka wonke umntu. Injongo yethu kukuqhawula amaqathanga ebebophe abantwana bethu ixesha elide, umda phakathi kwezabucala nezoluntu, iidolophu neelali, naphakathi kwabo abanezinto nabangenazo. Ngale projekthi siphuhlisa abafundi ngokuphila kwilizwe lobuxhakaxhaka, apho igama lesikolo sabo ne-website zizakuvula amasango okufunda ngelizwe kunye namathuba. Sikholelwa ukuba umfundi ngamnye, ukusuka ezilalini zaseKZN ukuya kwiidolophu ezinkulu, unelungelo lokufikelela kwinqanaba eliphezulu kumhlaba wezobuxhakaxhaka,” utshilo umphathiswa.

Esinye sezikolo esixhamle kule nkqubo yiPholela Special School, esele inendawo yobuxhakaxhaka ethi school.za igama pholela-ss.school.za, needilesi ezohlukeneyo zabafundisi-ntsapho nezabafundi. Oku kutsho ukuthi bangaqhubeka bafunde ngobuxhakaxhaka, besebenzisa izixhobo ezifana no-Google Classroom, nangamaxesha obunzima. Injongo kukufakela ii-school.za kwiindawo ezingama 22,000 kwizikolo zoluntu kuzwelonke, nezizakuxhunywa kwii-website kwaye kwenziwe iidilesi ze-email zabafundi kunye nabafundisi-ntsapho.

Ngale nkqubo ka SA Connect, eli sebe sele lifakele i-Wi-Fi kwiindawo zoluntu ezili-135, kuquka, izikolo, amaziko ezempilo, amathala eencwadi nakwii renki zeeteksi. Le yinxalenye yecebo lesebe lokuxhumisa ngobuxhakaxhaka abantu bonke boMzantsi Afrika ngomyinge ongu-80% ekupheleni konyaka mali wama2024/25.








# Uceba omtsha waseHarry Gwala











**Uceba Nqobizitha Mathe, wamnkelwe ngezandla ezishushu kwiBhunga lesiThili iHarry Gwala. Umphathi masipala uMnu. G.M. Sineke kunye nosomlomo wesiThili uceba S. Mdunge, banike lo ceba omtsha amazwi enkuthazo bamnqwenelela okuhle kodwa kumsebenzi wakhe nabahlali.**

USOMLOMO woMasipala wesiThili iHarry Gwala, uceba S. Mdunge, kunye noMphathi Masipala uMnu. G. M. Sineke, babambe intlanganiso ekhethekileyo yebhunga, apho kufungiswe khona uceba Nqobizitha Mathe, olilungu le-EFF, kwi-ofisi enkulu yebhunga e-Ixopo, njengelungu elitsha lebhunga lesiThili.

Uceba Nqobizitha Mathe, osuka kumasipala wasekuhlaleni iGreater Kokstad, wamnkelwe ngusomlomo, nochaze ngokubaluleka kokusebenzisana neminye imibutho yezopolitiko ukuqinisekisa ukuhanjiswa kweenkonzo kuluntu lwesiThili.

Lo ceba omtsha uyibhulorho phakathi kwabahlali nebhunga, nanjengoko emele bona, nokubakhomba kubantu abafanelekileyo kumasipala wesiThili nakwabasekuhlaleni kule ngingqi, ukuze abanike ingxelo ngemiba ejongene nabo.

UMphathi Masipala uMnu. Sineke naye uphose amagama ambalwa kulo ceba omtsha, uthe: "awusenguye owakho, ungowabantu ngoku. Kukhona izinto ongazukwazi ukuzenza ngoku nanjengoko sele uyinkokheli, ngoba ujongiwe ngabantu. Ngoku uphantsi kombuso wabantu kunye nezimvo zabo. Sithi huntshu kwaye sikunqwenelela konke okuhle," utshilo uMphathi Masipala.

Uceba Mathe ufungile wathi uzakunyaniseka kwaye athembeke kuluntu, waqinisekisa wenjenje: "Ndiyaqinisekisa ukuba ndizakwenza konke okusemandleni ukwenza izigqibo ngokuthembekileyo, ndizakubamela abahlali ngendlela ebonisa ukuhlonipheka kwabo."

# UMasipala uncoma inyathelo elikhawulezileyo lamapolisa ekubulaweni kwaseHlokozi









**Usapho lakwaKhambule lityelelwe amaxesha amaninzi ngurhulumente wephondo, umasipala wesiThili kunye nabasekuhlaleni, ngethuba behlelwe lilifu elimnyama emva kokulahlekelwa ngamalungu asixhenxe athe abulawa. Kutyelelo lokuqala kolu sapho bekukhona iNkulumbuso uThami Ntuli ephelekwa ngusodolophu wesiThili uceba Z.D. Nxumalo kunye nezinye iinkokheli. Usodolophu wesiThili uphinde wapheleka umphathiswa wesebe lophuhliso loluntu uNkszn. Mbali Shinga, owayesakuba libambela Nkulumbuso uThembani KaMdlophe-Mthethwa yena ebekhona kweli khaya ngomngcwabo. Amapolisa sele enqakule abamba abenzi bobubi.**

USODOLOPHU woMasipala wesiThili iHarry Gwala, uceba Z. D. Nxumalo, wenze umbulelo kumalungu esipolisa KwaZulu-Natal, kulandela ukunqakulwa kuvalelwe abarhanelwa abane emva kokubulawa kwamalungu amathandathu osapho lakwaKhambule.

Oku ukutsho ngethuba lotyelelo lwebambela Nkulumbuso yephondo uThembani KaMadlopha-Mthathwa, ogqithise amazwi ovelwano kwisikhumbuzo somngcwabo ebesilusizi samalungu amathandathu osapho lakwaKhambule, nabulewe ngokungena lusini eHlokozi ngaphandle kwaseHighflats, ngomhla we11 kweYoMsintsi 2024, uBahlakaniphile (64), Nompilo (34), Philile (39), Siphosethu (10), Yonelisa (10) kunye noZemvelo (5).

Ngexesha kusenzeka esi sihelegu, uKaMadlopha-Mthethwa ebelibambela Nkulumbuso, ngelixa iNkulumbuso uThami Ntuli ebengaphandle kwelizwe. Ibambela Nkulumbuso belizimase, laze lenza intetho kulo mngcwabo wakwaKhambule ngomhla wama21 kweYoMsintsi 2024. Ixhoba lesixhenxe, uS'khulu Khambule wabekwa kwindawo yakhe yokuphumla eMzumbe ngoLwesine (19 kweYeDwarha 2024).

UNkulumbuso Ntuli, kunye nomphathiswa wesebe lokuphuhliswa koluntu uNkszn. Mbali Shinga, baye batyelela ezi ntsapho ngaphambi kwemingcwabo, bephelekwa ngusodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala, uceba Z. D. Nxumalo. Ukubanjwa ngokukhawuleza kwabarhanelwa kulandela emva kokuba usodolophu, uceba Nxumalo, ebongoze uluntu ukuba lusebenzisane namapolisa ukuze kubanjwe abenzi bobubi.

Esenza intetho yakhe esingcwabeni, uKaMadlopha-Mthethwa naye ubongonze uluntu ukuba lusebenzisane namapolisa kwilinge lokubotshwa kwabarhanelwa.

Uthe: "Masijonge naphantsi kweziqithi ukuze bafumaneke ababulali. Ndibongoza amapolisa kunye nabahlali bonke ukuba basebenze kunye ukuze kufumaneke abenzi beli tyala. Abo abenza inkohlakalo enje kufuneka bohlwaywe qatha yingalo yomthetho. Masiyenze iKwaZulu-Natal ibe yindawo ekhuselekileyo esihlala kuyo."

Ibambela Nkulumbuso liqhubeke lathi: "Sixhalabile siliphondo laKwaZulu-Natal ngezenzo zolwaphulo mthetho nobundlobongela obuphinde banda kweli phondo. Sixhalabile futhi ngokudutyulwa kubulawe amalungu eentsapho." UKaMadlopha-Mthethwa ukwakhuphe isilumkiso esijolise kubenzi bobubi esithi: "Asizuphela amandla kwiinzame zethu zokutshabalalisa ulwaphulo mthetho."

Ngokubambisana namaqumrhu ezomthetho, noluntu kunye namapolisa, kutsho uKaMadlopha-Mthethwa, urhulumente wephondo uzakuqhubeka ulwe noonqevu ude uphumelele lweli dabi.

"Ngethuba usapho, izihlobo, abahlobo kunye noluntu luphela bekwintlungu, ndimemelela ucwangco. Masiwayeke amapolisa enze umsebenzi wawo, masithembele kuwo nokusebenzisana nabahlali ukube kubanjwe abenzi bobubi. Sicele icandelo lamapolisa eliphanda ngokukhethekileyo ukuphanda kule nyewe. Siceba nokubamba Imbizo yolwaphulo mthetho kwixesha elizayo apha kwisiThili iHarry Gwala," liqhube latsho ibambela Nkulumbuso. Imizimba yosixhenxe yamalungu osapho yafunyanwa kwigumbi lokuphumla apho adutyulwa abulawelwa khona ngelixa ebukele umabona-kude.


















**Abasebenzi kwisiThili iHarry Gwala bedibene kwidabi lokulwa nomhlaza, nanjengoko inyanga YeDwarha kuyinyanga yesilumkiso ngomhlaza webele. Bekusabelanwa ngolwazi ngomhlaza, iimpawu kunye nonyango lwesi sifo.**

# IHarry Gwala imanyene ukulwa NOMHLAZA

UMASIPALA wesiThili iHarry Gwala usingathe iingxoxo zesilumkiso ngomhlaza kwinyanga YeDwarha kwii-Ofisi ezinkulu zalo masipala e-Ixopo. Abasebenzi bebenxibe iimpahla ezipinki ukuwonga amagorha awoyise esi sifo kunye nokukhumbula abo abasishiya ngenxa yesi sifo, kwanokunika inkxaso kwiinzame nenkqubela phambili yokulwa nomhlaza webele.

Inyanga YeDwarha yinyanga yomhlaza eMzantsi Afrika, ukuxhasa lenkqubo, uMasipala wesiThili iHarry Gwala wenze isimemo esithi: “Masihlangane sisasaze ithemba, inkxaso kwabo abachaphazelekileyo nokulumkisa ngokubaluleka kokusifumana kwangoko esi sifo. Ilizwi ngalinye libalulekile kwidabi lokulwa nawo nawuphi na umhlaza.”

I COO kwisiThili uNkszn. Nomasomi Msomi, uxelele wafundisa abasebenzi ebebeyinxalenye yeengxoxo ngeendidi ezohlukeneyo zomhlaza neendlela ezihlolwa ngazo, amalungelo ezempilo kunye nokuhlolwa kwezempilo. Kwimiba ebalulekileyo echaziweyo, ucebise ngokuhlolwa rhoqo okunokunceda ukuze umhlaza ukhawuleze ubonwe, ukuze welapheke kwaye kungasetyenziswa nyango oluqatha. Esi silumkiso siququzelelwe liqhawe eloyise umhlaza elingunobhala kwezengqesho, uNkszn. Lamulile Hlengwa.

Uye wabalisa ngohambo lwakhe, ukusukela ngelixa sifumaneka esi sifo ukuya kunyango lwakhe. UNkszn. Hlengwa wafunyaniswa ene-Lymphoma Cancer ngomnyaka wama2017, waze waxelelwa ukuba uzakuphila iinyanga ezintandathu kuphela nanjengoko umhlaza ubukwisigaba sesine. Uye waqalisa i-chemotherapy emva kweeveki ezintathu emva koko, kwaye sele kuyiminyaka esixhenxe ekhululekile kumakhamandela omhlaza.

“Ndiyikumkanikazi yethemba, andiwuvumelanga umhlaza ukuba ulawule ubomi bam kwaye nokufa andikunikanga mbasa. Ndiye ndaqala ngokwamnkela iziphumo zohlolo lwam, ndathabatha inyathelo lokuqala lempilo yam ndaqalisa i-chemotherapy. Ndicebisa nabani na onomntu akamaziyo onomhlaza ukuba amnike inkxaso yakhe ngokupheleleyo. Inkxaso endayifumana kusapho lwam, kubahlobo nakwabanye boogxa bam ibingummangaliso. Uthando abandinika lona luyancomeka. Lundincede kakhulu kuhambo lwam lwempilo, yiyo lonto endenze ndanomhla wokwenza esi silumkiso emsebenzini,” utshilo uNkszn. Hlengwa.
















**Ulutsha lwesiThili iHarry Gwala lufumene iziqinisekiso zokusebenzisa iRoller-Ride On. Uceba S. Mdunge uncome aba bafundi, wathi ukufumana izakhono kubalulekile ngoba ungaphila ngazo.**

# Ulutsha lwaseHarry Gwala luxhamle kuqeqesho lophuhliso lwezakhono lolutsha

UMASIPALA wesiThili iHarry Gwala uqale inyanga yezokhenketho ngesandi esiphezulu, ngethuba isithethi sesiThili uceba Sibongiseni Mdunge, enikezela ngokusesikweni ngeziqinisekiso zokuphumelela kubaxhamli benkqubo i-Operation of the Roller-Ride On.

Le yinxalenye yeenkqubo zokuphuhlisa ulutsha ngezakhono ezibalulekileyo, kwanokuncedisa ulutsha olungasebenzi nolungenazo izakhono kwisiThili iHarry Gwala. Lo msitho wokunikezelwa ngeziqinisekiso, nobukhokhelwa nguceba Mdunge, ubuzinyazwe ngabaphathi besiThili kunye nabanye abathabathi nxaxheba abalishumi, kwishumi elinambini lolutsha olufumene uqeqesho. Kwintetho yakhe yokuvula, uceba Mdunge uncome wathetha ngobuhlakani kubaxhamli. “Xa ndiphinda umva kancinane, bekunzima ngexesha lokukhula kwethu, besingenawo amathuba neentlobo ntlobo zemisebenzi. Kodwa ndiyavuya kuba namhlanje nizakufumana ezi ziqinisekiso. Kuyabonakala ukuba amathuba avuliwe kwicala lenu. Iindlela zokusebenza ziphuculiwe ngokuhamba kweminyaka, nanjengoko sinoomatshini abaphucukileyo, kwaye injongo yeenkqubo eziloluhlobo kukunika izakhono nezixhobo ukuze nizisebenzise emisebenzini,” utshilo uceba Mdunge.

Usomlomo ugxininise ukuba kubalulekile ukuba ulutsha luphumelele kwaye lufumane amava nolwazi, nanjengoko izixhobo zomsebenzi ziphuculwa yonke imihla. Omnye wabafundi, uNkszn. Lumka Digashu, ufumene ithuba lokubulela kuMasipala ngolu qeqesho. “Sibulela ngokungazenzisiyo kuMasipala iHarry Gwala ngokusinika eli thuba silulutsha,” utshilo uNkszn. Lumka Digashu.

Iziqinisekiso neelayisenisi zinikezwe abaxhamli abalandelayo: B. Mazibuko, M.H Radebe, M.H Bekwa, N Maphanga, M Khubone, Y. C Dubula, L.S Digashu, K Siyengo, A.P Mbhele, N.I Mbanjwa, N.A Dlamini, N.D.N Didi.

# USodolophu naMakhosi ayazingca ngeentombi zesiThili iHarry Gwala









**UMasipala wesiThili iHarry Gwala kunye nAmakhosi kwisiThili bayazingca ngeentombi ebeziyinxalenye yomsitho iSiyaya eMhlangeni. Bafumene iintsikelelo ngaphambi kokuba baye kuMkhosi woMhlanga, bafumana namazwi enkuthazo kusodolophu wesiThili uceba Z.D. Nxumalo kunye nezinye iinkokheli ebezikhona kulo msitho.**

USODOLOPHU woMasipala wesiThili iHarry Gwala, uceba Z. D. Nxumalo ebebonakalisa ukuzingca okukhulu ngethuba esithi ndlela ntle kwiintombi eziphuma kwimbombo zone zesiThili, xa bezisiya kuMkhosi Womhlanga wama2024 obanjwa rhoqo ngonyaka. Oku kwenzeke ngethuba isiThili siqhuba umsitho iSiyaya eMhlangeni, obubanjelwe eBhekukuphiwa Primary (KwaNokweja) ngaphantsi kweNkosi Msekeli Zulu.

Zingaphaya kwamakhulu amathathu iintombi ebezihlangene kulo msitho wokulungiselela ukuya kwaNongoma, nalapho bekubanjelwe khona lo msitho wesintu ontsuku-ntathu, eNyokeni Royal Palace kwaNongoma, ukusuka ngomhla we13 ukuya kowe15 kweYoMsintsi. Lo msitho, Umkhosi Womhlanga, onamashumi amane wavuselelwa kubuKumkani baMaZulu, ubumbejembeje kwaye ube yimpumelelo.

Usodolophu Nxumalo uncome iintombi ngokuzigcina kwazo, wathi maziqinisekise ukuba ziyafunda zide zifumane imfundo enomsila. “Ukuba yinxalenye yoMkhosi Womhlanga kuqinisekisa ukuba isidima sakho siyahlonitshwa kwaye sikhuselekile. Siyazingca ngani. Ndiyanikhuthaza ukuba nifunde, hlalani esikolweni. Qinisekisani ukuba nifumana uqeqesho olubalulekile ukulungiselela ikamva lenu,” utshilo usodolophu Nxumalo.

UNkosi Zulu ungqinelene nosodolophu, wathi, uyazingca ngezi ntombi ngokuzigcina kwaye ucela urhulumente ukuba ayixhase imisitho neenkqubo ezifana nale ekuhlaleni.




**Abafundi beSinevuso Secondary School bakonwabele ukubona ibhasi yeminyaka engamashumi amathathu enkululeko kwisiThili iHarry Gwala.**

## KUBHIYOZELWA IMINYAKA ENGAMA30 YENKULULEKO:

# IBHASI YENKULULEKO KWISITHILI IHARRY GWALA

NJENGOKO uMzantsi Afrika ugqiba iminyaka engamashumi amathathu enkululeko, isizwe sikhangela emva kuhambo olugcwele impumelelo, imiceli mngeni kunye nenkqubela phambili emangalisayo.

Ukubhiyozela olu hambo, i-Arhente yemigwaqo yoMzantsi Afrika, ngokubambisana noRhulumente woMzantsi Afrika, usungule i-"30 Years of Democracy" Bus, injongo yale nkqubo kukuhambisa ibali lenkululeko yoMzantsi Afrika kwiimbombo zone zeli lizwe. Ukusuka ezodolophini ezinkulu ukuya ezilalini, le bhasi iluphawu lwenkululeko yelizwe nohambo lwempumelelo yomanyano iminyaka engamashumi amathathu.

Ngomhla wesithathu kwEyeDwarha, le bhasi ime kwisiThili iHarry Gwala, e-Ixopo, ngaphantsi komasipala wasekuhlaleni uBuhlebezwe, nalapho ilizwe belibhiyozela inyanga YeDwarha Yezothutho.

Abafundi baseSinovuyo Secondary School bebenemincili ukubona lebhasi, kwaye soze balibale nanjengoko beye basiwa ngale bhasi kwisebe lezendlela lase-uBuhlebezwe. Apha, bafumene ithuba lokuncokola namagosa ezendlela, apho befunde ngokhuseleko ezindleleni, imithetho yezendlela, nendlela imithetho karhulumente eguqule ngayo ezothutho kwilizwe. Olu tyelelo lugxininise ukubaluleka kokhuseleko ezindleleni, nokukhumbuza abafundi ngezakhiwo ezibalulekileyo, neenkonzo ezenziweyo kule minyaka engamashumi amathathu enkululeko. Ukuphucula olu lwazi, abafundi batyelele iziko lezemililo neentlekele e-uBuhlebezwe, nalapho kwenziwe umboniso wohlangulo kwingozi. Lo mboniso uncedise ukwenza baqonde ukubaluleka kweenkonzo zohlangulo ukusindisa ubomi, ngakumbi kwilizwe apho urhulumente esebenze nzima ukuphucula indlela yokufikelela kwiinkonzo ezibalulekileyo.

Ukusukela kwimigaqo emintsha, ukuya kumasebe ezentlekele anezixhobo ezibalulekileyo, la ngamanyathelo eenzame eziqhubekayo zokuphucula iimpilo zabantu eMzantsi Afrika, ngakumbi abantu abahlala kwiindawo ebeziswele. Osisithethi sengingqi sakwa-GCIS, uLindokuhle Chiliza uthe, "Olu tyelelo lwebhasi yenkululeko ngumsitho ongaphaya kokufundisa kubafundi. Ngumlando ombaxa wempumelelo eyenziwe nguMzantsi Afrika ukusukela oko safumana inkululeko. Uhambo lwale bhasi kwiindawo ezohlukeneyo lukhombisa umgama esele siwuhambile sililizwe, nanjengoko izigidi zabemi boMzantsi Afrika zifumana amanzi acocekileyo, ezempilo, imfundo kunye nezakhiwo ebezixele ithamsanqa. Ikwaliqonga leengxoxo, ukukhuthaza abantu ukwabelana ngamava abo okuphila kuMzantsi Afrika okhululekileyo. Siyabonga ngokuba yinxalenye yalo msitho kwiHarry Gwala yethu ekhululekileyo."











**Uceba Z.D. Nxumalo, kwiingxoxo nabahlali apho ebexelela abaphulaphuli ngokuhanjiswa kweenkonzo kwisiThili.**

# Usodolophu Nxumalo uthetha noluntu ngemiba yokuhanjiswa kweenkonzo

USODOLOPHU woMasipala wesiThili iHarry Gwala uceba Z. D. Nxumalo ufumene ithuba lokuxoxa noluntu ngommba wokuhanjiswa kweenkonzo kwisiThili, kwinkqubo kanomathotholo, Indaba with Alex Mthiyane kwiGagasi FM.

Usodolophu uxoxe ngeseshoni yesiThili yeengxoxo zamanzi kunye nenkqubo yotyelelo lophuhliso lwentlanganisela, kwakunye nommba wolwaphulo-mthetho kwisiThili.

Usodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala, uceba Nxumalo, ukuthabathele kuye ukolula isandla kuluntu lwesiThili, ukuze athethe ngenkqubela yokuhanjiswa kweenkonzo, ngakumbi amanzi nogutyulo lwelindle.



Ngomhla wama25 kweYoMsintsi 2024, isiqendu sika 18:30 – 19:30 se-Indaba with Alex Mthiyane kwiGagasi FM, besikhethelwe ukuthetha ngokuhanjiswa kweenkonzo kuMasipala wesiThili iHarry Gwala, iseshoni yesiThili yeengxoxo zamanzi kunye nenkqubo yotyelelo lophuhliso lwentlanganisela (IDP).

Abahlali nabo banikwe ithuba lokutsala iminxeba bazibuzele ngokwabo imibuzo, kwanoku veza izimvo zabo apho kunesidingo, kwanikwa umasipala nabahlali ithuba elaneleyo lokuxoxa.

Usodolophu uchaze ukuba iWater Indaba, ibibanjwe sisiThili kutshanje, isisisombululo sommba wamanzi.

"IsiThili iHarry Gwala sisingathe ngempumelelo iWater Indaba ngenyanga YeKhala, kunye neengxoxo ezintsuku-mbini zecebo lezamanzi ngomhla weshumi nambini noweshumi nantathu kweYoMsintsi 2024. Le ntlanganiso ibilandela iWater Indaba ibibanjwe ngomhla weshumi nesithandathu kweYeKhala 2024. Bonke ooceba bebemenyiwe kwiWater Indaba, nalapho beye badwelisa imiceli mngeni yamanzi nogutyulo lwelindle abanayo kwiiwadi zabo. Kule micelil mngeni, kwingxoxo zamanzi umasipala uye wachonga waze wabekela bucala imali engange R42 500 000 yokuncedisa kwezi landelayo: Ukukhusela imithombo neeBoreholes R30 000 000, ukuthengwa kweeloli zamanzi ezintlangu R12 500 000. Konke oku kuzakwenziwa kwiinyanga ezintathu ezizayo kwaye kuzakugqitywa ngaphambi kokuphela konyaka mali wama2024/25," utshilo usodolophu Nxumalo kwiGagasi FM.

Ohloniphekileyo usodolophu uMnu. Nxumalo, uqhubeke waxelela abahlali emoyeni ukuba isiThili sisebenza ngokuzimisela ukuqinisekisa ukuhanjiswa kweenkonzo kuluntu lwaseHarry Gwala.

Ubuninzi babo abatsale iminxeba bamncomile usodolophu ngokungabina mfihlo nokwabelana ngommba wokuhanjiswa kweenkonzo ngokukhululeka.

Usodolophu wenze umbulelo kwiqela leGagasi ngokumamnkela ngezandla ezishushu, ngakumbi umsasazi wenkqubo uMnu. Manelisi Ndwandwe, obembele uMnu. Alex Mthiyane.

# INGXELO YEEPROJEKTHI - CREIGHTON WATER SUPPLY














**Igama leProjekthi:** CREIGHTON WATER SUPPLY SCHEME– UKUPHUCULWA KWENDAWO YOKUCOCA AMANZI ECENTOCOW UKUSUKA KWI-1ML/NGOSUKU UKUYA KWI-5ML/ NGOSUKU.
**Inombolo yesivumelwano:** HGDM 821/HGDM/2022
**Umasipala wasekuhlaleni:** Dr Nkosazana Dlamini-Zuma
**Iiwadi ezizakuxhamla:** Ward 05, 06, 08 & 14
**Iilali ezizakuxhamla:** Creighton, Centocow, Khukhulela
**Amakhaya nabantu abazakuxhamla:** 2940 amakhaya; 12054 abantu
**Izinga lomsebenzi**:
**Umhla wokunikezelwa kwesiza:** 04 kuTshazimpuzi 2024

**Inkcazelo yeProjekthi:** UKUPHUCULWA KWENDAWO YOKUCOCA AMANZI ECENTOCOW UKUSUKA KWI-1ML/ NGOSUKU UKUYA KWI-5ML/NGOSUKU Umthengi: HARRY GWALA DISTRICT MUCIPALITY
**Umphathi weProjekthi:** Mr Sibonelo Memela
**ISD Officer:** Miss Yonela Masika
**Injineli engumxhumanisi:** ZIMILE CONSULTING ENGINEERS
**Unokhontilakhi:** MAGNACORP 485 (pty) LTD T/A FAKU CIVILS
**Umxhasi weProjekthi:** MIG
**Ixabiso:** R 88 583 250.54 incl. VAT nokunye okungalindelekanga.
**Ixesha leProjekthi:** Iinyanga ezili18
**Usuku lokuqala:** 17 KuTshazimpuzi 2024 (kuqikelelwa kwiveki ezimbini emva kwentlanganiso yeprojekthi)
**Usuku lokugqiba:** 30 EyeDwarha 2026 (kwinkqubo yolwakhiwo evunyiweyo)
**Umsebenzi weProjekthi:** Water Treatment Works to 5ML/D equka okulandelayo:

- Ukwakhiwa kwe Splitter box
- Ukwakhiwa kwe Sedimentation tank
- Ukwakhiwa kwe kwezisefo zesanti nemisebenzi ehambisana nazo
- Ukwakhiwa kwe dama eliyi-1ML
- Ukwakhiwa kwe ziko eliphehla amanzi eCentocow neKhukhulela
- Ukwakhiwa kwe clear water rising main ukusuka kwindawo yokucoca ukuya kumadama aseCentocow
- Ukuphuculwa koxhumano lwamanzi kunye nendawo yokucoca amanzi

**Ukukhethwa nemisebenzi yePSC:** Amalungu asixhenxe ePSC sele ekhethiwe kwaye aqinisekisa:


- Ukuhlalwa kweentlanganiso ze-PSC rhoqo ngenyanga
- Ukuxhumana noluntu
- Ukuncendisa ngokuqeshwa kwabasebenzi
- Ukuqeshwa koonokhontilakhi abancedisayo
- Ukuqinisekisa ukuba abasebenzi bahlawulwa ngendlela elungileyo ngokomthetho karhulumente ovunyiweyo

**Ukubanjwa kweentlanganiso (Technical & PSC):** Zibanjwa rhoqo ngenyanga
**Abaselungelweni lokuqeshwa:** Abafundi, CLO, Abanamava, Abanamava angaphelelanga, Abangenamava, Abaphila nokukhubazeka nabo ebebehlelelekile.
**Indlela yokuqesha nokudingekayo:** ISD izakuqinisekisa kwiPSC, CLO, noCeba
**Uqeqesho:** Abasebenzi abancedisayo
**Oonokhontilakhi abancedisayo:** Ngokomthetho wakwaSCM
**Izohlwayo:** Ukuba unokhontilakhi akawugqiba umsebenzi weprojekthi ngexesha lesivumelwano ngaphandle kwemvume yexesha elongeziweyo, uzakuhlawuliswa 0,0005 x ixabiso lesivumelwano ngonyaka).
**Ixesha lokulungisa umonakalo emva komsebenzi:** Iinyana ezili12 emva kokugqitywa komsebenzi
**Ukufakwa kwemizobo yokwakha:** Imizobo evunyiweyo yanikezelwa unokhontilakhi.
**Ukutyikitywa kwamaxwebhu onke esivumelwano:** Onke atyikityiwe.
**Ukubhalwa phantsi kwezakhiwo kugqithiselwe kwicandelo lezimali:** Zizakubhalwa ngaphambi kokuba kugqitywe.
**Ukufakwa kwamacebo e-O&M & Noxwebhu Lenkqubo:** Izakukhutshwa emva kokuba kugqityiwe.
**Abasebenzi bonakekelo abafunekayo emva kokugqitywa kweProjekthi:** Iqela lezokusebenza nelonakekelo.
**Indlela yokuhlawulwa kwabaniki zinkonzo:** Ngokwe sivumelwano
**Ulwazi olufunekayo olungangunobangela wokungahlawulwa kwabaniki zinkonzo:** TBC
**Imihla yokuhlawulwa kwabasebenzi kwiProjekthi:** Usuku lokugqibela lokusebenza lwenyanga.

# INGXELO YEEPROJEKTHI - UMZIMKHULU RISING MAIN







**Igama leProjekthi:** UKWAKHIWA KOMZILA WEMIBHOBHO KUFAKELWE NEMBIBHOBHO KUNYE NESITISHI SOKUPHEHLA.
**Inombolo yesivumelwano:** HGDM 760/HGDM/2022
**Umasipala wasekuhlaleni:** UMzimkhulu Local Municipality
**Iiwadi ezizakuxhamla:** Ward 16
**Iilali ezizakuxhamla:** Idolophu UMzimkhulu
**Amakhaya nabantu abazakuxhamla:** 1748 amakhaya; 8741 abantu
**Izinga lomsebenzi:**
**Umhla wokunikezelwa kwesiza:** 04 EyeDwarha 2022

**Ukuchazwa kweProjekthi:** UKWAKHIWA KOMZILA WEMIBHOBHO KUFAKELWE NEMBIBHOBHO KUNYE NESITISHI SOKUPHEHLA
**Umthengi:** HARRY GWALA DISTRICT MUCIPALITY
**Umphathi weProjekthi:** Harry Gwala District Municipality Team
**I-ISD Officer:** Miss Yonela Masika
**Injineli engumxhumanisi:** ZIMILE CONSULTING ENGINEERS
**Unokhontilakhi:** SSR SECURITY T/A MAHLUBI PLANT HIRE
**Umxhasi weProjekthi:** MIG
**Ixabiso:** R 49 177 000.26 incl. VAT nokunye okungalindelwanga
**Ixesha leProjekthi:** Iinyanga ezili18
**Umhla wokuqala:** 04 EyeDwarha 2022
**Umhla wokugqiba:** 26 EyeCanzibe 2024 (ngokwenkqubo evunyiweyo yokwakha)
**Umsebenzi:**

- Ukwakhiwa kweRising Main Pipeline
- Ukuthengwa, ukondlalelwa nokubekwa kwemibhobho, uPVC ezipheleleyo ezine-compression fittings, ukuxhuma, ukuvavanye, nokucoca indawo elandelayo.
- Umzila wemibhobho - 350 mm diameter Class 12
- Umzila wemibhobho - 355 Grade A Steel
- Ukwakhiwa kweziko elitsha lokuphehla
- Ukwakhiwa kodonga lesamente lweziko lokuphehla kuny nee sumps
- Ukufakelwa kombane ngu-Eskom kuquka imali yesicelo nokukhanyiswa
- Ukufakelwa kwe 630kl/yure electrified sewer pump and motor
- Ukufakelwa kwe 45 kl/yure electrified sewer pump and motor (sump dewatering)
- Ukufakelwa kwe 315kVA Substation
- Ukufakelwa kwe 300kVA Generator
- Installation of valves (isolation, air, flow meters, and check)
- Ukufakelwa kwe electrical control box
- Ukwakhiwa kwendlu yokuphehla, equka iivalve, flow meters, pumps, kunye ne-Eskom application.

**Ukukhethwa nemisebenzi yePSC:**Amalungu amahlanu ePSC aqinisekisa ukuba ancedisa:


- Ukuhlala iintlanganiso zePSC rhoqo ngenyanga
- Ukuxhumana noluntu
- Ukuqeshwa kwabasebenzi
- Ukuqeshwa koonokhontilakhi abancedisayo
- Ukuqinisekisa ukuba abasebenzi bahlawulwa ngendlela elungileyo ngokomthetho karhulumente ovunyiweyo

**Ukubanjwa kweentlanganiso (Technical & PSC):** Rhoqo ngenyanga kuLwesithathu wokugqibela enyangeni.
**Abaselungelweni lokuqeshwa:** Abafundi, CLO, Abanamava, Abanamava angaphelelanga, Abangenamava, Abaphila nokukhubazeka nabo ebebehlelelekile.
**Indlela yokuqesha nokudingekayo:** ISD izakuqinisekisa kwiPSC, CLO, noCeba
**Uqeqesho:** Abasebenzi basekuhlaleni
**Oonokhontilakhi abancedisayo:** Ngokomthetho wakwaSCM
**Izohlwayo:** Ukuba unokhontilakhi akawugqiba umsebenzi weprojekthi ngexesha lesivumelwano ngaphandle kwemvume yexesha elongeziweyo, uzakuhlawuliswa 0,0005 x ixabiso lesivumelwano ngonyaka).
**Ixesha lokulungisa umonakalo emva komsebenzi:** Iinyana ezili12 emva kokugqitywa komsebenzi
**Ukufakwa kwemizobo yokwakha:** Ikunokhontilakhi. Imizobo emitsha iyakhutshwa ngokwesidingo.
**Ukutyikitywa kwamaxwebhu onke esivumelwano:** Onke amaxwebu esivumelwano atyikityiwe.
**Ukubhalwa phantsi kwezakhiwo kugqithiselwe kwicandelo lezimali:** zizakubhalwa ngaphambi kokuba kugqitywe.
**Ukufakwa kwamacebo e-O&M & Noxwebhu Lenkqubo:** Izakukhutshwa emva kokuba kugqityiwe.
**Abasebenzi bonakekelo abafunekayo emva kokugqitywa kweProjekthi:** Iqela lezokusebenza nonakekelo.
**Indlela yokuhlawulwa kwabaniki zinkonzo:** Ngokwe sivumelwano
**Ulwazi olufunekayo olungangunobangela wokungahlawulwa kwabaniki zinkonzo:**
**Imihla yokuhlawulwa kwabasebenzi kwiProjekthi:** Usuku lokugqibela lokusebenza lwenyanga.


# Kuqiniswa ubudlelwane nabeendaba: Iqela lezonxibelelwano lwesiThili iHarry Gwala libambe intlanganiso namagosa eendaba ekuhlaleni
















**Umbutho wabezonxibelelwano wesiThili (DCF) usingathe ngempumelelo intlanganiso yokuqinisa ubuhlobo ngethuba imeme abeendaba ekuhlaleni ukuyomela amaphephandaba abo, nokubanika inkxaso abayidingayo. Usodolophu waseKokstad uceba Lwanda Madikizela, ugxininise ukubaluleka kwecandelo lonxibelelwano kumasipala, nokuthi kubalulekile ukuba babe nobudlelwane obuhle nabeendaba ekuhlaleni.**

NGOMHLA wama27 kweYoMsintsi 2024, iHarry Gwala District Communicators Forum (DCF), ibambe intlanganiso yayo yekota eyohlukileyo. Kwilinge lokuphucula ukungabina mfihlo, intsebenziswano, inkxaso, eli qela limeme amagosa eendaba kwisiThili sonke. Injongo yeli cebo kukuqinisa ubuhlobo, ukwakha ubudlelwane bentsebenziswano, nokuphucula indlela yokufumana ulwazi phakathi kwezonxibelelano kwisiThili kunye nabeendaba. Le ntlanganiso, ebanjwe ngenkxaso epheleleyo ziinkokheli zomasipala wasekuhlaleni iGreater Kokstad (GKM), ivulwe ngusodolophu we-GKM, uceba Lwanda Madikizela. Esenza intetho yakhe yokwamnkela iindwendwe, usodolophu ugxininise ukubaluleka kobudlelwane obuqinile phakathi koomasipala nabeendaba, ecacisa ukuzimisela kukarhulumente ukuqinisekisa ukuba abeendaba nabezonxibelewano basebenza ngokubambisana, ukuqinisekisa ukuhanjiswa kolwazi olunyanisekileyo, ngexesha elifanelekileyo kuluntu. Usodolophu Madikizela uncome inyathelo le-DCF lokuxoxa ngemiceli mngeni ejamelene nabeendaba ekuhlaleni.

Enye yeenkqubo eyothuliweyo kukusungula iqonga labezeendaba le-DCF. Esi sixhobo sizakuba liqonga elifikelelekayo, elikhuthaza ukungabinamfihlo neempendulo zemiba ephakanyiswe ngabeendaba. Eli qonga alizuphendula kuphela imibuzo yabeendaba, koko lizakukhuthaza indlela yokusebenza kumaziko, liphucule ukusebenza ngokukhululeka kwisiThili. Kwezi nyanga ezizayo kuzakubakho iseshoni yokuxhumana nabeendaba eququzelelwe liqela le-DCF. Eli qonga lizakukhuthaza abeendaba ukuveza izimvo zabo, bafumane nenkxaso kwisikhokhelo sesiThili, kuquka oosodolophu nabaphathi masipala, nokukhuthaza intsebenziswano nemvisiswano phakathi kwala maziko, abezonxibelelwano nabeendaba.

Ngenxa yale nkqubela, i-DCF iqinisekise ukuzinikezela kwayo ukuba liqela lezonxibelelwano elingenamfihlo kwaye elisabelayo, nelihoye izidingo zabeendaba ekuhlaleni kunye nabezonxibelelwano kurhulumente. Ngokuphucula obu budlelwane nokuvula amaqonga onxibelelwano, i-DCF yenza umzekelo wentsebenziswano nempendulo kwisiThili.

Impumelelo yale ntlanganiso ibonisa isahluko esithembisayo kunxibelelwano loluntu eHarry Gwala, apho kwabelanwa ngeenjongo, ukungabinamfihlo kuluntu, uphuhliso nezethembiso zokwakha ukuthembana kulawulo lwasemakhaya noluntu.

Abeendaba ebebeyinxalenye: The Kokstad Advertiser, East Griqualand Gazette, East Griqualand Post, Intsikayethu News, Pondo News kunye ne-Izwi Le Afrika.



INGXELO YEZENTLEKELE

# Imozulu yekhephu elimandla eHarry Gwala

INKONZO zemozulu zoMzantsi Afrika (SAWS) zakhupha isilumkiso esikhawulezileyo i-orange level 8, sekhephu elimandla ekulindeleke ukuba line kwiindawo ezithile zephondo, kuquka ooMasipala besiThili iHarry Gwala, Uthukela kunye noMgungudlovu, ukusukela ngomhla wamashumi amabini ukuya kowamashumi amabini ananye kwinyanga YoMsintsi 2024. Ezi zilumkiso ezikhawulezileyo zagqithiselwa kuluntu nabahlawuli beenkonzo zikamasipala ngamakhasi ezonxibelelwano loluntu. Amaqela olawulo lwezentlekele kwisiThili nakoomasipala basekuhlaleni, kunye nabahlawuli beenkonzo zikamasipala abafanelekileyo, nabo baye baxelelwa ngezi zilumkiso zemozulu, ukuze beme bume.

Kwinyanga YoMsintsi 2024, uMasipala wesiThili iHarry Gwala ufumene izehlakalo zekhephu koomasipala basekuhlaleni abathathu, eDr. Nkosazana Dlamini Zuma, eGreater Kokstad naseMzimkhulu.

### 1. UKWAKHIWA KWEE-JOC KWISITHILI NASEKUHLALENI

Emva kokufumana izilumkiso zemozulu kwi-SAWS, uMasipala wesiThili iHarry Gwala ubize intlanganiso ye-JOC ngomhla wamashumi amabini kweYoMsintsi 2024, phakathi koomasipala basekuhlaleni kunye nabahlawuli beenkonzo zikamasipala, ezinjengeSebe lezothutho, Amagosa ezendlela (RTI), Iinkonzo ezikhawulezileyo zonyango (EMS), iSebe lezempilo, Iinkonzo zesipolisa (SAPS), iSebe lezokuhlaliswa koluntu kunye noMnqamlezo obomvu weloMzantsi Afrika.

### 2. IINDLELA EZICHAPHAZELEKILEYO

- R617 ukusuka e-Underburg ukuya eKokstad
- N2 Harding ukusuka eNgqumarheni ukuya eKokstad
- Ngqumarheni ukuya eSingisi neendawo ezingqonge uMzimkhulu (Ward 1, 2, 3, 4, 6, 8, 10).
- R612 ukusuka eDonnybrook ukuya eBulwer

### 3. IZEHLAKALO

- Kwenzeke ingozi enye kuR617, kwiTaxi ebisiya ePort St Johns eMpuma Koloni. Abakhweli bafumana ukonzakala okungephi, bafumana unyango kwakwindawo yengozi. Baqhubeka nohambo lwabo ngoMgqibelo umhla wamashumi amabini ananye kweYoMsintsi 2024.
- Kuwe umthi kwindlela ephakathi kweKokstad neSwartberg. Abezeenkonzo zomlilo nohlangulo eKokstad baye basabela baze bawususa umthi.

### 4. INKQUBO YEEPROJEKTHI ZOLAWULO LWEZENTLEKELE NEMITHETHO

- **Ulwazi nonxibelelwano**

Ulawulo lwezentlekele eHarry Gwala lufakele lwaphucula ukusebenza kolwazi nonxibelelwano kulawulo lwezentlekele nonxibelelwano. Ulawulo lolwazi nonxibelelwano lusebenza kakuhle kwaye kusetyenziswa lona ukuthumela uncedo nokuhlola umonakalo, ukuze kwenziwe iingxelo zenyanga. Kusetyenziswa imiyalezo (SMS) emininzi ukukhupa izilumkiso. Ufakelo kunye nokuphucula linyathelo lokubala izixhobo zokuhlola umonakalo nokubala inani labaxhamli.

**Ukufakelwa kobuxhakaxhaka bonxibelelwano bolawulo lwezentlekele liziko lolawulo lwezentlekele kwiphondo**

Ngokomthetho wolawulo lwezentlekele wemvume 1, Iziko Lolawulo Lwezentlekele kwiphondo iKwaZulu-Natal, libambisene neCouncil for Science and Industrial Research (CSIR) ukwenza ukuqoqwa kolwazi ngobuxhakaxhaka bale mihla, ukuze balawule, bagade, nokwenza ingxelo yezehlakalo zentlekele.

Iziko lolawulo lwezentlekele kwiPhondo likwiphulo lokufaka le projekthi kuMasipala wesiThili iHarry Gwala.

Abasebenzi bolawulo lwezentlekele kufuneka babe nezi zixhobo ezilandelayo: Android smart gadget kunye neMobile data network connection.

- **Uhlolo lolawulo lwengozi zeentlekele**

Ulawulo lwezentlekele loMasipala wesiThili iHarry Gwala luqhube uhlolo lwengozi ngokweewadi, ebambisene noomasipala basekuhlaleni, ooceba beewadi, amakomiti eewadi kunye nabanye abahlawuli beenkonzo zikamasipala bolawulo lwezentekele. Olu hlolo luncedisa isiThili iHarry Gwala ukuqonda ubungozi bawo, ubuthathaka bawo ukuhlangabezana nobungozi obuchongiweyo, kwanoku ceba iiprojekthi neenkqubo ekufanele zenziwe. Le nkqubo ilawulwa luguquko lwemozulu olube nenxaxheba enkulu kwicebo lohlangulo elicetyiweyo.

Uhlolo lwengozi luzakwenziwa kwikota yesithathu (EyoMqungu ukuya kweYoKwindla 2025). Indlela yokwenza uhlolo lwengozi zentlekele izakwenziwa ekupheleni kwenyanga YoMnga 2024.

- **Icebo lolawulo lwezentlekele**

Icebo lolawulo lwezentlekele loMasipala wesiThili iHarry Gwala liphononongwe lamnkelwa libhunga ngenyanga YeCanzibe 2021. Iiprojekthi neenkqubo zokunciphisa zikhankanyiwe kwicebo lolawulo lwengozi yezentlekele, uhlolo lwengozi ukunqanda ingozi zentlekele ezenzekile okanye ezinokuthi zenzeke, kuhlahlwe imali yokuqhuba eziprojekthi kunye neenkqubo.

Icebo lolawulo lwezentlekele lizakuphononongwa kunyaka mali ozayo wama2025/26.

### 5. ISIPETHO

Iqela lolawulo lwezentlekele kuMasipala wesiThili nakoomasipala basekuhlaleni ziqaphe iindawo ezibuthakathaka kunye nezinobungozi kakhulu. IsiThili kunye noomasipala basekuhlaleni, basebenzisana namasebe ohlukeneyo kunye nabahlawuli beenkonzo zikamasipala ukuhlola umonakalo.

UMYALEZO KASODOLOPHU

# Umyalezo wosuku lokubuyisana wohloniphekileyo uSodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala, uCeba ZD Nxumalo



USodolophu waseHarry Gwala uCeba uZ.D Nxumalo

'Ekugqibeleni, ukubuyisana yindlela yomoya, edinga ngaphaya kwengalo yomthetho. Kufuneka yenzeke kwiintliziyo nakwiingqongo zabantu." La, ngamazwi owayesakuba nguMongameli woMzantsi Afrika, uNelson Mandela. Ndikubone kufanelekile ukuba ndifanise umyalezo wosuku lokubuyisana nesi sicatshulwa, nanjengoko sisazi ukuba usuku lokubuyisana lusuku lweholide eMzantsi Afrika, engomhla we16 kweYoMnga rhoqo ngonyaka. Le holide yaqala ngo1995 emva kokuphela kobandlululo, ngenjongo yokukhuthaza ukubuyisana nomanyano kwilizwe.

Ngalo myalezo, ndinqwenela ukukhumbuza uluntu lwaseHarry Gwala, ukuba olu suku lubalulekile, nanjengoko kufuneka siqhubeke nokukhuthaza umanyano, sithabathe inxaxheba kolumanyano nempilo. Ilizwe lethu libambe ngempumelelo, ukhetho ekuqaleni konyaka, nalapho iziphumo zinyanzelise ukuba imibutho eyohlukeneyo yezopolitiko idibane isebenze kunye ukufezekisa izidingo zoluntu lwethu, nokuba ulolupi na uhlanga. Kufuneka sizame siluluntu lwalengingqi, ukuphilisana ngoxolo. Akuyiyo imiba yobuhlanga nemvelaphi kuphela efuna sibuyisane siluluntu lwesiThili, kodwa kuhambisana nombono wesiThili, iphondo kunye nelizwe lethu.

*Ndininqwenelela nonke usuku olumnandi lokubuyisana.*





# KUTYHILWE ILITYE ELIQINGQIWEYO LIKASHAKA












**Ilitye eliqingqiweyo likaShaka ekukudala lilindiwe, lityhilwe ngomhla wesixhenxe kweYeNkanga 2024. Lo msitho ubusingathwe ngurhulumente wephondo iKwaZulu-Natal, ngaphantsi kwesikhokhelo seNkulumbuso ehloniphekileyo uThamsanqa Ntuli, ngokubambisana norhulumente welizwe kunye nendlu yobuKumkani bamaZulu. UMongameli welizwe uCyril Ramaphosa, ebezimase lo msitho kunye neSilo, Ohloniphekileyo uNkozi Misuzulu KaZwelithini. Usodolophu wesiThili iHarry Gwala, uceba Zamo Nxumalo, naye ebezimase lo msitho ohloniphekileyo. Lo msitho wemvelaphi uhlonipha uNkosi Shaka KaSenzangakhona, umsunguli wesizwe samaZulu. Ngenxa yombono wakhe namandla akhe empini, wasungula ubukhosi bamaZulu obuqine kunayo yonke eMzantsi Afrika.**

# Iingxoxo zamadoda kuMasipala wesiThili iHarry Gwala















**Amadoda kwisiThili adibanise izandla esithi amadoda nawo anamalungelo. Le nkqubo yamnkeleke ngezandla ezishushu ngamadoda kwisiThili.**

UMASIPALA wesiThili iHarry Gwala ubambe umgushuzo wokunqanda ukucindezelwa kwamadoda kutshanje, ekhuthaza nethuba nokukhuthaza ukuxhaswa kwamadoda, nangona kuqhelekile ukuba akukho sidingo sokuwaxhasa, ngoba amadoda abonwa njengabantu abanamandla.

Njengesiqhelo, amadoda amaninzi kuthiwa omelele, akhuliswe kusithiwa 'INDODA AYIKHALI IFELA NGAPHAKATHI' ukwenzela ukuba bangakwazi ukujongana nezimvo zabo bahleli beveza ukomelela. Lo mgushuzo woMasipala wesiThili uqale ngokuhamba ukusuka ePharmacy eMargaret Main Street ukuya ePeace Initiative Hall, e-Ixopo, kukhokhela amagosa ezendlela oMasipala wasekuhlaleni uBuhlebezwe.

Emva koko kuye kwabizwa intlanganiso yeengxoxo zokulumkisa ngemiba efana nempilo yamadoda, ukwabelana ngesondo, ubundlobongela kunye nenani eliphezulu lobusela, kwakunye neminye imiba echaphazela amadoda. Le nkqubo yesilumkiso iqhutywe ngokubambisana nabahlawuli beenkonzo zikamasipala, kuquka, uBuhlebezwe Local Municipality, Fanele S'bonge Development Agency, Inkonzo yeSipolisa yoMzantsi Afrika (SAPS), iSebe lezeMpilo, Vukuz'thathe kunye neSebe loPhuhliso loLuntu. Usodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala uceba Zamo Nxumalo, uthe: "Uphuhliso lusuka kwinto yokwazi ukuhlala nentlungu, ukukheta inkululeko nokulibala."

Usodolophu uthe, amadoda ayafana nomntu wonke, bayavakalelwa nabo, kodwa umthetho wokuzilawula uquka ukugcina inyani nokuhlangabezana nayo.

"Le ndlela inqanda ukonakala kwamandla kubo, iintsapho zabo, amaqela nakwezinye iindawo, kungoko kubalulekile ukubuyisela isidima kumadoda esihlala nawo nokwenza umanyano oluluqilima kumadoda, ukulwa ubundlobongela nesini, nokuqonda ukuba kutheni amadada ephala phambili kubandlululo ngokwesini, kuluntu lwethu," utshilo usodolophu Nxumalo.

Amadoda aye anikwa ithuba lokuthetha ngomiceli mngeni abajongene nayo ekuhlaleni. Kukwagxininiswe ukuba uluntu lumanyane ukutshabalalisa izenzo zobundlobongela kwabasetyhini nasebantwaneni. Bekunyanzelekile ukuba amadoda ahlale phantsi azikhangele kwaye axoxe ngemiba enje.

Umzimba osempilweni, ingqondo esempilweni, umsebenzi ozimiseleyo, utata olungileyo nelungu loluntu, kunye nesandla sikaNkulunkulu, zezinye zezinto amadoda akhuthazwe ngazo. Ezi ngxoxo zibanjwa rhoqo ngonyaka kwaye iinjongo zazo kukuncedisa amadoda ngezisombululo zeengxaki awahlangabezana nazo emisebenzini, emakhaya nasekuhlaleni, ezingangumthelela empilweni yawo.




















**Kuguga Othandayo, lo ngumyalezo ogqithisiweyo ngethuba kulungiselelwa imidlalo yephondo iGolden Games. IsiThili senzele abo abakhethiweyo ukuyomela iphondo umcimbi ngaphambi kokuba bahambe.**

IPROVINCIAL Golden Games, eququzelelwa liSebe Lezemidlalo, Ubuchule Namasiko KwaZulu-Natal, ekhokhelwa ngumphathiswa Mntomuhle Khawula, kunye ne-Ofisi yeNkulumbuso, iSebe Lophuhliso Loluntu, iSebe Lezempilo, ooMasipala kunye neqela lephondo labantu abadala, isingathwe kwiindawo ezohlekeneyo kwiziThili nakooMasipala abakhulu kwiphondo.

UMasipala wesiThili iHarry Gwala ngomnye weziThili ezithabathe inxaxheba kule midlalo. Le midlalo entsuku-ntathu ebibanjelwe eMandeni, ngaphantsi koMasipala wesiThili ILembe.

Ukunika iwonga kubantu abadala besiThili iHarry Gwala, usodolophu uceba Zamo Nxumalo, usomlomo uceba S. Mdunge, kunye nabaphathi boomasipala bonke basekuhlaleni, basingathe umcimbi wokuthi ndlelantle kwabo abachongiweyo ukuyomela isiThili saseHarry Gwala. Babaqinisekisile ukuba basezandleni ezikhuselekileyo, nanjengoko abaphathi bamasebe bezakuhamba nabo ukuze babeliliso kwaye bancedise kwiinkqubo zemidlalo.

Aba bantu abadala bebenemincili ukuba yinxalenye yale tumente, baze babalisa ngamava abo kwezemidlalo ngethuba besakhula, awaquka imidyarho, iDuck Wall, Ball pass kick, Brisk walk, Ball Relay, Goal shooting kunye neDress up race.

IGolden Games zezabantu abaneminyaka engama60 nangaphezulu. Zingumzekelo wokuba ubomi mabunganyamezelwa koko mabonwatyelwe. Le tumente inike abadala ithuba lokuzonwabisa nokubonakalisa ukuba basebatsha ngokweentliziyo.

Usodolophu ceba Zamo Nxumalo uthe, injongo yokusungulwa kwale tumente kukwandisa impilo kubantu abadala, ukuphucula impilo yabo nokunciphisa izifo. “Liqonga elihle lokuba abantu abadala bahlangane nokuncokola ngemiceli mngeni abahlangabezana nayo ebomini,” kutsho usodolophu Nxumalo.

